

SHALOM

 Inkonzo, intlanganiso yam yonyaka omtsha ekubeni siqala ukuyivula. Eli liphulo lam lokuqala lokwenene ukusukela kowonyaka omtsha. Owu, ndibe nobusuku obumbalwa ekhaya, emva koko ndandisezantsi kulaa Fort Huachuca. Ingaba yiloo nto ubuya kuyibiza ngoku? Andiyiboni indlela opela ngayo *iHuachuca ngo-H*. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

² Asazi, asiyi kuba nomcimbi wesipili sokubona ngasemva. Isipili sokubona ngasemva sijonga ngasemva kuphela kwaye sibone apho ubukhona. Sijonge phambili ukuze siboneni apho siya khona, yabona. Oko kukwixesha elidlulileyo, uPawulos wathi, “Ndizilibala izinto ezigqithileyo, ndixunela kuphawo lobizo lwaphezulu olukuKristu.” Kwaye oko koko sifuna ukukwenza. Indoda, singajonga emva kwishumi elinesihlanu, ishumi elinesithandathu leminyaka eyadlulayo, xa ndeza ePhoenix okokuqala, kube kukho izinto ezininzi ezithe zenzeka ukususela ngoko, ezilungileyo nezimbi, eziya ezonke eMgwebeni, ezandleni zikaThixo. Kodwa into endiyingxameleyo ngoku yinto endiza kuyenza kulo nyaka uzayo, ndisingise ekuphuculeni uBukumkani, ukwenza okungakumbi, konke endinokukwenza ngenxa yoBukumkani bukaThixo.

³ Ngoku, ngale njikalanga ndifuna ukuthetha uMyalezo walo nyaka mtsha kwiBandla elikuKristu, kwaye ngomso ebusuku siyakuqala ukuthandazela abagulayo. Kwaye siyakukhupha amakhadi omthandazo phakathi... Ndiyacinga ukuba inkonzo iqala ngentsimbi yesixhenxe, icala emva kweyesixhenxe, kungcono sibelapha malunga nesithandathu okanye ngomkhono emva, ngoko, ukufumana amakhadi akho omthandazo, ukuze ungaphazamisi yonke inkonzo.

⁴ Sifuna ukubulela a—abaphathi apha, beRamada, ngokusivumela sibe nesi sakhiwo salo mhlangano, ngaphambi kwale nkomfa. INkosi ibasikelele.

⁵ Kwaye ngoku ukuba unqwenela ukutyhila eZibhalweni, apho sizakufunda khona, Ndiza kufunda ku Isaya, isahluko sama-60, nakowe—owesi-2, owoku-1 nowesi-2 umqolo. NeNdumiso 62:1-8. INdumiso 62:1-8, kuqala.

Inene ulindele kuThixo umphefumlo wam: Luphuma kuye usindiso lwam.

Nguye kuphela iliwa lam nosindiso lwam; ungumkhuseli wam; andiyi kushukunywiswa kakhulu.

Koda kube nini na nicinga ububi ngokuchasene nomntu? niya kubulawa nonke: njengodonga oluwayo niya kuba njalo, nanjengothango oluwayo.

Kuphela bacebisana ukumwisa, ukuba bamsuse ekuphakameni kwakhe: baziylisa ebuxokini: basikelela ngomlomo wabo, kodwa embilinini yabo bayatshabhisa. Selah.

Mphefumlo wam, linda kuphela kuThixo yedwa; kuba ulindelo lwam luvela kuye.

Nguye kuphela iliwa lam nosindiso lwam: uyingxonde yam; andiyi kushukunyiswa.

KukuThixo ukusindiswa kwam nozuko lwam: iliwa lokunqaba kwam, . . . igwiba lam, likuThixo.

Kholosani ngaye ngamaxesha onke; nina bantu, phalazani intliziyo yenu phambi kwakhe: uThixo uligwiba kuthi. Selah.

⁶ Ndiyayithanda indlela uDavide athetha okuya, “iliwa.” Uyaqaphela, amaxesha amaninzi kakhulu, “UThixo uliliwa lam.” Uyayazi ukuba yintoni ilwalwa ekubhekiswa kulo, eBhayibhileni? *Ilwalwa* si “isityhilelo.”

⁷ Njengoko uPetros watshoyo, “Wena unguKristu, uNyana kaThixo ophilileyo.”

⁸ Wathi, “Unoyolo wena, Simon, nyana kaYona. Kwaye phezu kolu lwalwa, esi sityhilelo . . .” UThixo wayityhila kuye. “Inyama negazi azizange zikutyhile oku, kodwa uBawo waM oseZulwini. Phezu kolu lwalwa, esi sityhilelo, Ndiyakulakhela iBandla laM.”

⁹ Kwaye uDavide apha ememeza, “UThixo liliwa lam, isityhilelo sam!”

¹⁰ Ngoku kwisahluko sama-60 sika-Isaya, umqolo woku-1 nowe-2.

Vuka, ukhanye; ngokuba kufikile ukukhanya kwakho, nobuqaqawuli bukaYEHova buthe chapha kuwe.

Ngokuba, khangela, . . . ubumnyama buya kuwugubungela umhlaba, nesithokothoko sigubungele abantu: kodwa uYEHova uya kuphuma phezu kwakho, nobuqaqawuli bakhe bubonakale phezu kwakho.

¹¹ Masithandaze. Nkosi Yesu, njengoko sicamngca kula Mazwi, siyangena ngoku ekuqaliseni le nkonzo, ukuyenzela kuzuko Lwakho. Sisikelele, Bawo, sicela eGameni likaYesu. Amen.

¹² Ngoku, umxholo wam ngale njikalanga ligama elinye: *Shalom*. NgesiHebhere, kuthetha “uxolo.” Uxolo, okanye ngumbuliso, ngu “uxolo malube kuni,” okanye, “wamkelekile,” “mholo ngalentsasa,” naluphi na uhlobo lo—lombuliso. Kodwa igama eliphambili endilifumene kwisiHebhere apha, kukho izinto ezininzi elizithethayo, kodwa zonke zisingisele kwinto enye, “uxolo.”

¹³ Njengoko sijongene nalo nyaka mtsha, sijongene nazo zombini, njengoko ndifundile, ubumnyama kunye nokuKhanya. Ngoku siyabona ukuba uDavide, ethetha apha, wathi, “Kholosa ngeNkosi. Beka ithemba lakho kuYo.” Wathi u-Isaya, “Isithokothoko siyakubafikela aba bantu; kodwa iBandla liyavuka kwaye likhanye, ebuqaqawulini bokuKhanya.”

¹⁴ Ke sijongana nalo nyaka kanye njengokuba sisenza yonke iminyaka; kukho u—ukuzisola ngeempazamo zethu kwixesha elidlulileyo, kunye nokukhangela phambili kwikamva lokuKhanya okuzukileyo kukaKristu. Ngokungathandabuzekiyo, ukuba siphila kulo nyaka, siya kufumana iimpazamo ezininzi esizenzileyo, kwaye silindele nje oko kuba ihamba kunye nokulungileyo nokungalunganga. Lowo ngumthetho womndilili esiphila ngawo apha kobu bomi. Kodwa sivuya kakhulu ngokuba sinoMlamli Ohlala ngasekunene kukaThixo, ukuze enze izibongozo. Xa sikulungele ukuzivuma iimpazamo zethu ukuba senze ngokungalunganga, ngoko uya kuzixolela. Uzele lubabalo nenceba, ukuba asixolele kwezo mpazamo.

¹⁵ Esi sithokothoko sobumnyama, ndinqwenela ukuthetha ngaso kuqala, ukuba kukho okuninzi koko ehlabathini namhlanje, kwaye kuya kusiba mnyama ngokuba mnyama ngalo lonke ixesha. Nyaka ngamnye, sifumanisa ukuba, ukuba—Ihlabathi liya lisiba mnyama, ngokuthetha ngokomoya, ngokuba baphuthaphutha ebumnyameni. Kukho isono esingakumbi. Ukudlula nje kwinto esinayo, ukubulawa kukaMongameli, njalo njalo, kwaye abantu bebulawa kanye apha kwilizwe lethu. Apho, besingenakucinga ukuba oko kuyakwenzeka ngexesha lempucuko yanamhlanje, kodwa ngokuqinisekileyo sinayo, ngokuba isithokothoko siphezu kwabantu. Ngoku, abo bangayi kuguqukela ekuKhanyeni, inye kuphela into endinokuyithetha kulo nyaka uzayo, uya usiba mnyama ngokuba mnyama njengoko unyaka uqhubeka.

¹⁶ Kodwa kwabo baya kujikela, kulo nyaka mtsha, ekuKhanyeni, ngoko uya kuqaqamba ngakumbi, ukuya kutsho kuloo Mhla ugqibeleleyo esiwulindeleyo, ukubonakala Kwakhe, apho bonke ubumnyama buya kubhanga—bunyamalale. Kwaye isizathu soko, kungenxa yoko ndithi, eBandleni likaThixo ophilileyo, namhlanje, “Shalom,” ngokuba siziZikhanyiso Zakhe. UYesu wathi, “Nina niluKhanyiso lwehlabathi;”

¹⁷ Ngoku, umprofeti wathi, “Isithokothoko sobumnyama phezu kwaba bantu; phezu kwabantu behlabathi, isithokothoko.”

¹⁸ Ukhe waqaphela, kule minyaka imbalwa idlulileyo, abanye benu madoda nabafazi malunga nobudala bam, ukuba indlela unyaka ngamnye, kubonakala ngathi ubumnyama bufika ngakumbi nangakumbi? Ndandithetha ngenye imini, ndathi kumfazi wam, “Uyazi, kubonakala ngathi, njengoko iminyaka

iqhubeka, kwaye njengoko kubonakala ngathi abantu baqala ukuhambela kude nakude kwinto eyinyani abafanele ukuba basondele kwaye basondele kuyo.”

¹⁹ Ndiqaphele, phakathi kwamadoda. Khangela phandle ezitratweni, kwaye uninzi phakathi kwabafazi, jonga iminqweno yabo kunye nento abathanda ukuyenza, kwaye baya—bayatshintsha isimo sengqondo ngalo lonke ixesha. Amadoda aya esiba njengabafazi, kwaye abafazi baya befana nendoda, kwaye kubonakala ngathi akukho ndlela yakuyinqanda. Ndinqumla isizwe, ndishumayela ngokuchaseneyo nalo nto, ndize ndibuye kunyaka olandelayo kwaye kubi kakhulu kunokuba kwakunjalo ukuqala kwam. Kukuthi, abo bantu bafuna ukwenza okulungileyo, kodwa, bona, kukho into malunga nayo engayi kubavumela ukuba benze okulungileyo. Iyacinezela nje kubo, ibanyanzele. I—ifana nenzima, emnyama inkungu emhlabeni wonke. Hayi ePhoenix kuphela, kodwa kwihlabathi liphela, kubonakala ngathi kukho ukuqokelelana kobumnyama obuhlanganayo, buya buxinana ngakumbi nangakumbi, lonke ixesha, bufuthanisela ubudoda benene, ubufazi benene. Ndithetha ngokwendalo.

²⁰ Kwaye, kubonakala ngathi kunjalo...bungena ngakumbi nangakumbi emabandleni. Kwaye xana uthe waphakama uthethe into echasene nayo, ngoko bayakugweba ngokuyenza loo nto. Yabona, u—ungakubona kusiza, kwaye—kwaye xana uthetha ngokuchasene nako, umntu othile ukuqonda ngokuphosakeleyo. Ngamanye amaxesha abafazi bayiqonda ngokuphosakeleyo, indoda iyiqonda ngokuphosakeleyo, thatha isimo sengqondo esingalunganga.

²¹ Indoda ngaxa lithile, indoda elungileyo, kufuneka imelane nezinto ezinjalo ukuze babambe amalungelo abo kwiinkonzo zonqulo abakuzo, ngokuba, ukuba abakwenzi, bayakhutshelwa ngaphandle, baze ke babe—babebodwa. Kwaye emva kokuba ukhutshelwe ngaphandle ebantwini abathile, ngoko kunzima ukuvana nomnye umntu, kuba babesazi ukuba wawungowelinye iqela, ngoko, “Kwenzeke ntoni *ngapha*?” Emva koko kufuneka ume kwizigwebo zakho, okanye uhambe ngokwakho, okanye ukukhanyela ukukholelwa kwakho. Ngoko ikwenza kube nzima ngenene ebantwini.

²² Kwaye kukhangeleka ngathi lixesha lingoku, awukwazi ukubona oko kugqama ngenene, njengokuba indoda imelwe kukuba njalo. Ndi...Nasekubuyiseni, ukusuka kumoya, ngoku ukusa kweyemvelo, Ndi...Kubonakala kum ukuba indoda enxibe izihlangu ezipinki zelvevethi, nazo zonke iintlobo zezinto ezilolo hlobo, kubonakala nje ukuba baye bafana nabafazi. Kwaye abafazi abatshaya imidiza, ngoku banemidiza, kwaye nje...kwaye bachebe iinwele zabo njengendoda; kwaye kubonakala ngathi i—into ethambileyo, nenekazi, into yobufazi

imkile. Kwaye eyona ndoda iyindoda imkile; yonke into abonakala ecinga ngayo yinto embi, kwelinye icala.

²³ Ndinga ukuba kufana nje nasekuqaleni, “yonke ingcamango esentliziweni yomntu ihlala ingendawo.” Ezethu—ezethu iinkqubo, umabonwakude kunye—kunye nonomathotholo, azihlolwanga. Umntu unokuthetha nantoni na, phantse, afuna ukuyithetha, nkqu ukuthuka kwaye athethe ezimdaka, esingcolileyo iziqhulo ezi—ezingafanelekanga nje zibe njalo, ayimelanga, ekungafanelanga zithethwe kwigumbi lembarha. Nangona kunjalo banokuyithetha kumabonwakude nakunomathotholo, baze bayithumele kanye emakhayeni abantu. Kubonakala ngathi esi sithokothoko sobumnyama bugubungele yonke loo nto. Ihlabathi liphela libonakala lingcolisekile.

²⁴ Ngoku, iminyaka, bendizama ukubamba umgangatho, iLizwi likaThixo. Kwaye ndizimisele ngakumbi kulo nyaka uzayo ukubamba lo mgangatho kunokuba bendinjalo ebomini bam, yabona, yimani kanye ngqo nela Lizwi. Ngoku, ndiyathemba ukuba nabani na ofaka engqondweni yakhe ukuba ndenza loo nto ukuze ndenze ngobulumko, ngoko, mzalwana, dade, uyaphazama ngokuqinisekileyo. Ndiyakwenza oko ngenxa yokuba ndibophelelekile kuYo. Ndi, ndinyanzelekile ukuba ndihlale nela Lizwi. Nantoni na eLiyithethayo, ungabeki ngcaciso yabucala, Yithethe nje ngolo hlobo. Ngoku kukho abathile abanokuba nako ukuLitolika kwaye baLenze livakale ngokwahlukileyo, kodwa andinakuyenza loo nto. Okuphela kolwimi endilwaziyo lubhalwe apha, indlela nje yiLe ndlela.

²⁵ Ngoku, embalwa, malunga neminyaka emithathu eyadlulayo, kuyakuba ngoku, ukuba, ekhaya, kwinkonzo yasekhaya, uMoya oyiNgcwele wathetha kum, wathi, “Yiya eTucson, kukho into elindileyo.” Ndema kweli qonga ndaza ndathi kuni nonke, “ITSHO INKOSI, kukho into elungiselela ukwenzeka.” Mhlawumbi kukho amakhulu abantu abahleli apha abayaziyo loo nto. Ndanixelela nje into endiyibonileyo. UMyalezo useteyiphini, *Kuxesha Nini, Mhlekezi?* Ndabona ikroza leeNgelosi, njenge—ngephiramidi, zehla kanye emantla eTucson; phezu *kule* ndlela, emantla eTucson. Kwaye Zathetha into ethile kum, kwaye andizange ndiyazi ukuba yintoni na. Kwaye ngenye imini phaya...Kukho indoda ehleli ngoku, ababini kubo, ababenam, phaya emva ukwenzeka kwaloo nto.

²⁶ Kwaye bathabatha umfanekiso waYo esibhakabhakeni. Yaphuma ku—kulindixesha. Ndacinga ukuba bendinayo ikopi. Ndinayo. Yiyo leyo. Niyayibona apha kulindixesha *iLife*, le kopi, kanye ngendlela uMoya oyiNgcwele awathi iyakuba njalo.

²⁷ Kwaye phaya kwakumi ezo Ngelosi zisixhenxe kanye ngokwendalo njengoko undibona ndimi apha, kwaye zandixelela ukuba ndibuyele ekhayeni lam, ukuba, iimfihlelo

abathi abahlaziyi kuzo zonke izigaba basilela ukuzichola, iimfihlelo zeBhayibhile, ezazibanjwe ngaMatywina aSixhenxe, ziyakutyhilwa. Ndicela umngeni kuye nabani na, fumana loo *Matywina Asixhenxe* uphinde uwajonge, uze ufumane isiphoso kuwo. Yabona? Yabona? Ngenxa yokuba inikezelwe ngempfumlelo kaThixo.

²⁸ Ngaphambi koko, ndashumayela nge*Zigaba Ezisixhenxe Zebandla*, ndaza ndazizoba ebhodini kumnquba wam.

²⁹ IMfundiso yam, andishumayeli iMfundiso apha phandle, akukho nto ngaphandle nje kweziseko zobuvangeli ezinkulu; ngokuba ndikunye nabazalwana, basenokwahluka kum, kwaye andikukhupheli Oko phambi kwabantu abalapha. Ndizama nje ukuhlala kwiziseko zokwenyani zeSibhalo, ezifana noko sikukholelwayo. Kodwa, kumnquba wam, bayaYiteyipha. Ukuba uyaYifuna, ungaYifumana. Ukuba umlungiseleli wakho akafuni ukuba ube naYo, musa ukuYithabatha. Yabona, ixhomekeke kuwe loo nto.

³⁰ Kodwa khona phaya, ndishumayela nge*Zigaba Ezisixhenxe Zebandla*, nokuba nogunyaziso oluvela kuThixo; ukuzizoba, indlela obathi ubumnyama bangena ngayo ebandleni, iNicaea; nezithunywa zebandla, abathunywa. Inokuba yayilungile, kuba, nje kwamsinya nje ukuba ndawenza azotywa kwisigaba sokugqibela sebandla, ngentsasa yangeCawa, ngentsimbi yeshumi elinanye, oko kuKhanya kukhulu kwehla kwangena esakhiweni, phambi phantse kwabaninzi abantu njengabahleli apha; kwehla kwaza kwadanyaza Kona ecaleni kodonga, phambi kwabo bonke abo bantu, kwaza kwazoba ezo Zigaba zeBandla kanye ngendlela endandizizobile ngayo apho. Ngoku, kukho amakhulu namakhulu amangqina apho okungqina oko. Nje...

³¹ Ke, ngoku, siyaqonda ukuba uThixo uhlala ebonisa izinto ezisezulwini phambi kokuba Azibonise emhlabeni. Njengokuba izazi zalandela inkwenkwezi, nanjalo njalo. Umqondiso wasezulwini uyenzeka, kuqala, uze ke owasemhlabeni ungqinele umqondiso wasezulwini. UThixo wenza, usebenza ngemiqondiso, imiqondiso nemimangaliso. Imele ilandele amakholwa kuyo yonke indawo. AmaJuda ahlala ekhangele umqondiso, kuba ayengabanyuliweyo bakaThixo, kwaye ayekhangela umqondiso. "Sibonise umqondiso, ngoko siyakukholwa." Kwaye, ngoko, xa izazi zeza nebali lazo, iZazi, lokuzalwa kukaKristu, kanye ngonyaka omtsha.

³² Ngoku sifumanisa ukuba inyanga, eBhayibhileni, imele ibandla. Ibonisa ukukhanya emhlabeni, xa ilanga lingekho. ISityhilelo, isahluko se-12, sicacisa ngokwenene oko, "umfazi onenyanga phantsi kweenyawo zakhe, nelanga entloko." Kwaye indlela ekuthi ekungabikhweni kwelanga, xana ilanga limkile liye kwelinye icala, inyanga ibonakalisa ilanga emhlabeni.

Ibandla limelwe kukubonakalisa uYesu Kristu ehlabathini, ekungabikhweni koNyana kaThixo. Sonke siyayikholelwa loo nto. Yinto engaqhelekanga, njengoko kuninzi okwahlukileyo.

³³ Kodwa ukuthetha apha, ngo-1933, malunga nopopu ethatha indawo yakhe, okanye ukuphuma, gxebe, eRoma, nokwenza utyelelo kwi—imihlaba engcwele. Naye uya kuza apha. Kwaye into engaqhelekanga, kukuba, kubusuku obumbalwa phambi kokuba ayishiye iRoma, okokuqala ngqa embalini, inyanga yehla kwaye yatshona kubumnyama ngokupheleleyo. Yiloo nto kanye, yayiyintoni? Ukwenza isithunzi kukuKhanya okubonakalayo koNyana. Koku, wathetha nobawo uyise weNkolo engqongqo; kwaye bonke bayavumelana, “Upopu wenza oku ngenxa yobudlelwane, ubudlelane obulungileyo bommelwane.” Okuvakala ngathi, kwindlebe yendalo, eyona nto imangalisayo inokwenzeka. Kodwa kwindlebe yomoya, bubumnyama. Kwaye indlela thina mabandla, thina maRhabe, amaWisile, amaBhaptizi, namaPentekoste, singaze singenelele kubugxwayiba obunjalo, yaye sisazi iBhayibhile yethu isifundisa okwahlukileyo! Yinto emangalisayo kum, ukuba umntu ozaliswe nguMoya angahlala njani kwiindawo athi, “Kuvakala ikumoya ukuba kwindawo enjalo.” Kum, iyoyikeka.

³⁴ Ngoku, ndiyaqikelela ukuba unayo apha ePhoenix. Ukuba nabani na... Bangaphi apha abakhe babona apho ndinemifanekiso ezotyweyo yeZigaba zeBandla? Phakamisani izandla zenu. Ndiyaqikelela... Yabona indlela iNkosi eyazizoba ngayo esibhakabhakeni, ngobunye ubusuku? Kanye ngendlela ezotywe ngayo phaya phezulu emnqubeni. Ngokugqibeleleyo, kanye ngendlela awathi uMoya oyiNgcwele wayinika ngayo ngempfumlelo, kwiminyaka emithathu eyadlulayo, emnqubeni, kwenzeka esibhakabhakeni. “Emlonyeni wamabini okanye amathathu amangqina, malimiswe lonke ilizwi.” UMoya oyiNgcwele waqala washukunyiswa yimpefumlelo; Ndawazoba eqongeni. Emva koko Wehla ke Yena buqu, waza Yena wayingqinela, njengokuba inyanga nokuKhanya kuphuma, kuphuma, kwaye kwesi Sigaba saseLawodike kungena ebumnyameni obupheleleyo kwakhona. Kwaye nanko Esihla kwaye ayingqinele enyangeni, kanye ngexesha apho onke amabandla ehamba kunye ekuhlanganiseni, komanyano lwamabandla.

³⁵ Akumangalisi, njengoko u-Isaya watshoyo, “Ubumnyama obukhulu buphezu komhlaba, phezu kwaba bantu.”

³⁶ Ndiyazi ukuba akudumanga ukuthetha ngokuchasene nombutho, kodwa luphawu lwerhamncwa olo. Leyo yinto esithwalela kuyo kanye ukusingenisa kokuya. Yenza umfanekiso werhamncwa. Anditsho oko ukuba ndibe nomsindo. Ndikutsho oko ngokuba kuyiNyaniso, bazalwana. Imini iyakufika xana iPhoenix iyakuvuka, kwaye mhlawumbi ndihambile, kodwa niyakwazi ukuba oko ibingum-ITSHO INKOSI. Iyinyaniso. Kwaye

indlela awathi uMoya oyiNgcwele omkhulu wayingqinela ngayo loo Miyalezo waza wazixela kwangaphambili izinto, zange yasilela nangexesha elinye! Kwaye kutheni siphuthaphutha ebumnyameni? Kutheni abantu bengavuki ngaphambi kokuba kube sebusuku kakhulu? Ngolunye lwezi ntsuku, kuya kuba semva kwexesha kakhulu, xa sele uluthathile uphawu, kwaye ke akukho... Ayikho enye into onokuyenza ngaloo nto, uya kubanjwa kuloo nkqubo, ukuba uphawulwe ngaloo nkqubo.

³⁷ Kutheni ungezi kuKristu, uzaliswe kukuKhanya kweVangeli kaYesu Kristu, Amandla Akhe avusayo anokukukhulula, akwenze ikhandlela elihlala endulini? Nokuba kumnyama kangakanani na. Yithi, “Kaloku, kutheni sifanele siyenze? Bonke abanye. . .” Phulaphula, kanye ngoku lixesha lokuyiyeka ikhanye, xa kumnyama kakhulu. Kuxa ukuKhanya kukhanya ngcono, kuxa Busebumnyameni. Kufuneka sihlale sivumela ukuKhanya kukhanye apho kumnyama khona.

³⁸ Umprofeti esithi, “Ubumnyama obukhulu buya kuba phezu kwaba bantu,” kwaye ngokuqinisekileyo iyiNyaniso.

³⁹ Ngoku sifumanisa ukuba yintoni eyenza inyanga ibonakalise ukukhanya. UThixo ebonisa, kuqala, ebhodini; okulandelayo, ngoBukho Bakhe Buqu; ngoko emazulwini Wabonisa umqondiso. Kwaze emva koko waphuma eRoma upopu, waya ngaphaya ePalestina; abathi, kwiliso eliqhelekileyo, abantu bakhala bawo ngobuso, baqubuda kuloo ndoda. Andikho ngokuchasene naye ngaphezu kokuba bendiya kwenza umlungiseleli onokuzimanya nokunjalo. Konke kungumoya ofanayo.

⁴⁰ Kubonakala ngathi isithokothoko sobumnyama buthe bahlala phezu kwabantu bade bacinga ukuba ekuphela kwayo into ekufuneka yenziwe kukuya ecaweni kwaye ube ngumntu olungileyo, beka igama lakho encwadini, kunye nento encinci engaqondakaliyo, “UThixo uyakujija isitshixo xa usifa, awuguqule loo moya ukuwe, ube kuYe.” Uyaphazama. Xana usifa, laa moya ukuwe, yindlela oya kuba yiyo ngonaphakade. Kwaye khumbula, abaFarisi, abaSadusi, nanjalo njalo, babengabantu benkolo kakhulu.

⁴¹ UThixo unguThixo onekhwele. Unekhwele, kwaye ufuna umfazi Wakhe abe nyulu. Ufuna ukuba abe yintombi enyulu, ehlabulukileyo. Akukho nto ehlabathini ingena kuye, konke konke; lilonke iLizwi Lakhe, inxalenye Yakhe. Kufuneka sibe yinxalenye yeLizwi. Hayi inxalenye yemvumo nkolo; inxalenye yeLizwi! Hayi inxalenye yebandla; inxalenye yoMtshakazi! IBandla ligwetyiwe, siyazi ukuba liya kubumnyama obungaphandle, kodwa uMtshakazi uyenyuka.

⁴² Ngoku ukuba abantu banokuvuka nje okwethutyana kwaye baqonde ukuba yintoni eyona nto inkulu. Kukukhukhumala okwenza oko. Ngabantu aba—abafuna

ukuhamba njengehlabathi liphela. Awunakuyenza loo nto. Awungowehlabathi. Ingaba ucinga ukuba umfazi olele kwibhokisi yakhe uya kufuna ukwazi ukuba iinwele zakhe zenziwe ngamanzi, okanye nantoni ofuna ukuyibiza? Ingaba ucinga ukuba wayeya kuhoya indlela awayenxibe ngayo ukuba wayelele kwibhokisi, okanye indoda ethile? Bebengayi kuyenza.

⁴³ Kwaye eso sisizathu, namhlanje, zininzi izinto ekufuneka sizikope kubamelwane, okanye kothile odumileyo waseHollywood, okanye ifashoni ethile, okanye into enjalo, kungenxa yokuba asikafi kuKristu nakwiLizwi Lakhe. Yintoni ingxaki ngeecawe? Sisebumnyameni, siphuthaphutha ebumnyameni. Wathi, “Kwakuzo kubakho isithokothoko sobumnyama phezu kwabantu.” Isithokothoko sobumnyama ebantwini ngoku!

⁴⁴ Ithetha ukuthini iyonke? Ithetha oku, ukuba xana ihlabathi...Yintoni eyenza inyanga ifiphale, kwakungenxa yokuba i—ilanga...umhlaba waba sethonzini lelanga, elalizibonakalalisa emhlabeni. Ihlabathi langena ethonzini. Nantso into eyingxaki ngebandla. Nantso into eyingxaki ngeRhabe, amaWisile, amaPentekoste. Yiloo nto iyingxaki kuthi sonke. Ihlabathi likuvalela ngaphandle ukuKhanya esifanele ukuba sikubonakalise, liyazijija lize lingene kuKo, kwaye, njengokuba zigqithana omnye komnye, liphosa ubumnyama phezu kwabo.

⁴⁵ Kwaye ihlabathi liye leza ebandleni, e—egameni lehlelo, igama lemvumo nkolo ethile, kwaye “singabenkolo kunye nako konke *oku* nako konke *oku*,” kodwa noko iyawakhanyela amandla kaKristu avusayo ukungqinela iLizwi Lakhe elaprofethwa ngalo mhla. Kungakho ukuKhanya kuphela ngeLizwi likaThixo. Siyayazi loo nto. Wathi uThixo ekuqaleni, “Makubekho ukukhanya,” kwabakho ke ukukhanya, ukungqinelwa kweLizwi Lakhe Awalithethayo.

⁴⁶ Ubumnyama, benze mnyama! Ihlabathi lahambelana nokubonakala kwelanga enyangeni, laze layenza mnyama. Yiloo nto kanye eyenzekayo ngokwendalo, okanye ngokomoya. Njengoko kwenzekile endalweni, kwafanekiselwa okwangaphambili kwaze kwasixelela, yiloo nto kanye eyenzekileyo.

⁴⁷ Ngoku, uyabona ukuba oko kuphuma njani ekugqibeleni. Uninzi lwenu bantu abatsha, anisayi kuba badala kakhulu nide niyibone, nakanjani na, ukuba niphile iminyaka emithathu okanye emine ngaphezulu.

⁴⁸ Inyanga ngoku, sikwiSigaba seBandla laseLawodike. KwiSigaba seBandla laseLawodike, kuwo onke amanye amabandla, iLawodike, yokugqibela, isigaba sebandla elidikidiki, uKristu wayengaphandle kwebandla. Nawuphi na umfundi weBhayibhile uyayazi loo nto. ISityhilelo 3,

Wayengaphandle kwebandla, ezama ukufumana indlela Yakhe ebuyela ngaphakathi kwakhona, kwaye ayizange ithi Wangena. “Kodwa bonke Abathandileyo, Wabakhalimela kwaye wabaqeqesha.” UMyalezo wawuya kukhalimela kwaye ubohlwaye abo Abathandayo. Ngoku, wayenkqonkqoza, ezama ukungena; ubumnyama baKuvalela ngaphandle, kanye oko kwenzekileyo. UkuKhanya obekukhanya, kungekudala kuya kuvalelwa ngokupheleleyo. Konke kuya kungena ukwenza umfanekiso werhamncwa. Kwaye siyazi ukuba kuthetha ukuthini oko, lixesha lesiphelo.

⁴⁹ UThixo, ekuqalekeni, wahlula ukukhanya ebumnyameni, kwaye yiloo nto kwakhona uThixo ayenzayo. UThixo uyakwahlula ukukhanya kubumnyama. “Ekuqaleni,” Wathi, “makubekho ukukhanya.” Ngoku, khumbula, akunakubakho ukukhanya ngaphandle kweLizwi likaThixo. Kwa elolanga phandle phaya liLizwi likaThixo, lingqinelwe. Kwabakho isithokothoko sobumnyama phezu komhlaba, inkungwana nenkungu phezu komhlaba, wathi uThixo, “Makubekho ukukhanya.” Ngoku kungathini ukuba akukho kukhanya kubakhoyo? Ngoko bekungayi kumnceda nganto ukuthetha. Kodwa xana Wathi, “Makubekho ukukhanya,” kwaye ukukhanya kwabakho, kungqinela ukuba iLizwi Lakhe lalinyanisile. Oko kukhanya siphila ngako namhlanje.

⁵⁰ Kwaye ekuphela kokuKhanya esinokuba nako namhlanje, ebandleni, nguThixo engqinela ukuKhanya Kwakhe kwesi sizukulwana.

⁵¹ Isizukulwana ngasinye sasinikwe okungako, yenzeka ngemihla yaso. Sonke siyayazi loo nto. Abaprofeti beza embonisweni. Bona, iLizwi leNkosi leza kubo, baLiqonda. *Imboni*, kwiTestamente eNdala, ithetha ukuba, “lowo iLizwi lityhilwe kuye.” Kwaye indlela abayazi ngayo, ngokuba yena esazi izinto eziya kubakho. Ngoko iLizwi leNkosi lafika kubo, isigaba ngasinye.

⁵² Wathi uYesu kuYohane ngoYohane, “Wayekukukhanya okuqaqambileyo okubengezelayo, okwethutyana.” Ngokuba? U-Isaya, iminyaka engamakhulu asixhenxe aneshumi elinesibini ngaphambi kokuba azalwe, wathi, “Kukho ilizwi lodandulukayo entlango.” UMalaki, isahluko se-3, wathi, “Yabona, ndiyasithuma isithunywa sam phambi kobuso bam, size silungise indlela phambi kwam.” Yabona, wayelelo Lizwi lingqinelweyo. ILizwi elathenjiswa loo mini, wayekukukhanya, ngokuba wayelenza lizaliseke iLizwi awalithethayo uThixo ngaye.

⁵³ Efikile uYesu, wathi uYohane, “Ndimele ndifiphale ngoku; kufuneka Yena eze embonisweni.” Kwaye Yena wayekukukhanya. Konke ukwehla ngezigaba, indlela awathetha ngayo uThixo ngaloo yure izayo!

⁵⁴ Basilela njani ukuYibona abo befundisi? Basilela njani? Abo baFarisi nabaSadusi basilela njani ukubona? Wathi, “Ziphengululeni iZibhalo, kuba Kuzo nicinga ukuba ninoBomi obunguNaphakade, kwaye Zizo eZingqina ngaM.” Basilele njani ukuYibona, bazalwana? Kungenxa yokuba kwakuprofetiwe ukuba baya kuyenza loo nto.

⁵⁵ Kwaye kunjalo ke namhlanje, esa sithokothoko sobumnyama sifikela abantu, kwaye silapha! UThixo ulabele iLizwi Lakhe ukuba libonakalaliswe ngalo mhla, kwaye kukuphela kokuKhanya esinako, kwaye uThixo uyakuvumela umntu othile alibonakalise ela Lizwi. Kukho umntu oza kuyenza. Wayithembisa, kwaye Usebenza kanye njengokuba Wahlala esenza ngayo.

⁵⁶ Akazange ayiguqule indlela Yakhe yokusebenza. Uprofetha oko kuyakwenzeka, aze Athumele umntu ezantsi ayingqinele loo nto. Kwaye idlula phezu kwentloko yezigidi, ngokuba, ubumnyama bugubungele umhlaba ngelo xesha. Kwaye abantu bathanda ubumnyama ngcono kunokuba bethanda ukuKhanya, kuba ubumnyama bunolonwabo oluninzi.

⁵⁷ Ndibone umdlalo weHollywood, kungekudala, wathi, “Ubomi buqala emva kokutshona kwelanga.” Kulapho ukufa kuqalayo; zonke ezi klabhu zasebusuku, nalapho bacinga ukuba bayaphila khona. Bayafa.

⁵⁸ UThixo, ekuqalekeni, wahlula ukukhanya nobumnyama. Ebesoloko ekwenza oko. Ingaba Wenza ntoni? Ucinezela okuya, ngokukhanya okuzayo, Ucinezela ubumnyama kwelinye icala lomhlaba.

⁵⁹ Kwaye yiloo nto kanye eyenzekayo ngoku. Kungaphambi nje kosuku. Ikhwezi lokusa liphumile ukuza kubulisa imini ezayo. Kwaye uMoya oyiNgcwele ubonakalisa ukuKhanya kwaWo. Kuza ixesha apho ukuKhanya nobumnyama kuyakufuneka kwahlulwe, enye kwenye. IBandla nocwangco lwalo luyakuthabatha ulungelelwano lwemini; kwaye uKristu nedinga Lakhe leLizwi lokuKhanya bayakuya kuXwilo. Yiloo nto kuphela eseleyo ukuba bayenze. Yimini, namhlanje, kukusa kosuku olutsha, kwabaninzi abajonge ukuZa Kwakhe.

⁶⁰ Abaninzi kakhulu, abantu abalungileyo abanyanisekileyo namhlanje, yiloo nto etshisa iintliziyo zabo, abaninzi kakhulu, abalungileyo abanyanisekileyo abantu abanjengoMariya noYosefu. Babevela esidlweni, kwaye balahlekana noYesu. Abantu abaninzi benza kwaloo nto inye namhlanje, becinga ukuba Yena ukunye nabo. Ngoku, ndifuna ukubeka oku kukhanya kuncinane kuni, ukunibonisa indlela elingenakusilela ngayo iLizwi likaThixo.

⁶¹ Thina sonke apha, ngale njikalanga, esingamaKristu, siyakholwa ukuba uYesu Kristu wayeliLizwi likaThixo, libonakalalisiwe. Siyakholwa ukuba Wazalwa yintombi enyulu.

Wayengumnquba awahlala kuwo uThixo uSomandla, apha emhlabeni. Hayi nje umprofeti, hayi nje umntu oqhelekileyo, kodwa uThixo ngoKwakhe ebonakalaliswe ekwimo yomntu. Yayingu *Emanuweli*, “UThixo unathi.” Siyayikholelwa loo nto, ngentliziyo yethu yonke. Kwaye ngoku qaphela xa uMarta okanye...

⁶² UMariya, gxebe, noYosefu, beba uYesu unabo, babeqonda nje ukuba Yena unabo, becinga, “Kumele nje ukuba kulungile. Unyanzelekile ukuba abe nathi.” Kodwa babephazame kalusizi. Wayengekho.

⁶³ Abaninzi kakhulu, abalungileyo abantu banjalo namhlanje. Bacinga, babona iyure isondela, bayazi ukuba into ethile ilungiselela ukwenzeka, benza ntoni? Baya kujoyina icawa, becinga ukuba Ukunye nabo. Baxhawulana nomshumayeli, becinga ukuba yiyo kuphela into abafanele ukuyenza, “Ukunye nabo.” Baqiniselwe okanye babhaptizwe ngendlela ethile, yiloo nto kuphela abamelwe kuyenza, becinga ukuba uYesu ukunye nabo. Mzalwana, dade, kanye njengoMariya, uYosefu, bakudala, abantu abanyanisekileyo ngenene, ukanti bayaphazama.

⁶⁴ Ubomi bakho bungqina ukuba uYesu unawe na okanye hayi. Ubomi bakho bubonisa ukuba ingaba Yena uhleli *apha* na, okanye nokuba Usesemazulwini Akhe na okanye hayi, nokuba uyintoni na. “Imisebenzi endiyenzayo Mna niyakuyenza nani.” Ungathini ukuba noKristu kuwe, aze emva koko kwaloo Moya ukuwe ukhanyele iLizwi Lakhe, uthabathe umgaqo endaweni? Awunakuyenza loo nto. Ubeyakuzoyisa ngoKwakhe ngokukhanyela iLizwi elileLakhe.

⁶⁵ Nje ngokuba kukho umntu obeke utoliko olungalunganga kuLo? Unayo iBhayibhile, unokufunda njengaye nawuphi na omnye umntu. Nyaniseka.

⁶⁶ Wathi uDavide, “Mbeke Yena phambi kobuso bakho ngamaxesha onke.” Yazi ukuba xa sidibana kulo nyaka mtsha, sidibana nawo ngamandla ovuko lukaKristu. “Uphambi kwam ngamaxesha onke. Andiyi kushukuniswa.”

⁶⁷ Qaphela indlela elingenakusilela ngayo iLizwi. UMariya noYosefu...Ngoku kuni, bahlobo bam abathandekayo bamaKatolika, abathi uMariya wayengunina kaThixo. UMariya wayengenguye nonina kaYesu, singasathethi ke ngokuba ngumama kaThixo. Wayenokuba njani? Kunene. Akukho nexesha elinye Awakhe wambiza njengomama; hayi akunjalo.

⁶⁸ Beza kuYe ngaxesha lithile, bathi, “Unyoko nabantakwenu balinde ngaphandle.”

⁶⁹ Wakhangela kwibandla Lakhe, wathi, “Ngubani umama waM? Ngoobani abazalwana baM?” Wakhangela kubafundi bakhe, wathi, “Abo benza intando kaBawo waM, oko kunye njengomama waM, waM...”

⁷⁰ Emnqamlezweni, xa Wayesifa, Wathetha kwaloo nto inye. Wathi kuYohane, “Yohane, nantsi *le* ndoda, nyana, nanko unyoko!” Hayi, “Mama, nanko unyana wakho.” “Mfazi, nanko unyana wakho!” Hayi, yabona, wayengengonina kaThixo.

⁷¹ Wayesisibeleko nje esibolekiweyo esasetyenziswa nguThixo; hayi ngaphezu kwakhe nawuphi na omnye umfazi athe uThixo wacinga ukumsebenzisa. Angasebenzisa (esakho) isibeleko sentliziyo yakho, ukubhengeza uNyana Wakhe, ukuba wena—ukuba ubunokuMvumela ukuba ayenze. Yabona? Hayi mama kaThixo. Bekuya kufuneka kubekho intshukumo, nokuba yimbewu kaMariya. Wayengeyiyo nembewu evela kuMariya.

⁷² Yayiyiyo, into yonke, yayinguThixo, uMdali. Ukuba u-Adam wokuqala phaya emva wadalwa engenatata namama, u-Adam weSibini wayekwayinto enye. Kwaye nantoni na enganeno koko ayinakuMbeka ekulinganeni naYe. Injalo lo nto. Kwaloo Thixo mnye, Wadala umzimba Athi ngoKwakhe wahlala kuwo.

⁷³ Ngoku sifumanisa, khangela indlela, khangela, ukuba uMariya wayengunina kaThixo, indlela awaphuncuka ngayo, phaya. Wathi, “Uyihlo nam siye saKufuna ngeenyembezi.” Ephika uzalo lwentombi enyulu, “Uyihlo, uYosefu, nam, besiKufuna;”

⁷⁴ Jonga laa Nkwenkwana eneminyaka elishumi elinesibini, uMntwana oneminyaka elishumi elinesibini, esithi, “Anazi na ukuba Ndimelwe kukuba kwimicimbi kaBawo waM, ndixoxa naloo mahlelo phaya phezulu?” Ngoku, ukuba Wayekunye, malunga nemicimbi kaYosefu, Ngewayesezantsi kwivenkile yokuchwela. UYosefu wayengenguye utata Wakhe. UThixo wayenguTata Wakhe. “Anazi na ukuba ndifanele ukuba semicimbini kaBawo?” Phezulu phaya, ekwiminyaka elishumi elinesibini ubudala, kunye nabo ababingeleli abafundileyo. Kwakungekho mini esikolweni, kodwa sekunjalo bakhwankqiswa bubulumko. Kwaye jonga kwi . . .

⁷⁵ WayeliLizwi. Xa Wazalwayo, WayeliLizwi. UseliLizwi. Qaphela, iLizwi alinakuthabatha umgunyathi. Wathi, “Utata Wakho nam siye saKufuna ngeenyembezi.”

⁷⁶ Wathi, “Anazi na ukuba Ndimelwe kukuba semicimbini kaBawo waM?”

⁷⁷ Wamkhalimela oWakhe Buqu umama? Ngokuba? WayeliLizwi. Kuya kubakho umbuzo engqondweni yomntu, ukuba uMariya apha, owakha wathi “uMoya oyiNgcwele” wamsibekela waza wazala uNyana, waze ke apha ebiza uYosefu ngokuba nguyise. ILizwi alinakusilela. Alinakusilela.

⁷⁸ “Anazi na ukuba ndifanele ukuba semicimbini kaBawo?” Kwaye Wayesemicimbini kaYise; hayi—hayi ishishini likaYosefu, ukwenza iingcango kunye—nezinto zabachweli. Wayemalunga nomsebenzi kaYise, elungisa iipolitiki zenkolo ababenazo

ngaloo mhla. “Anazi na ukuba ndimelwe kukuba semicimbini kaBawo?” Ewe, mhlekazi.

⁷⁹ Abantu abaninzi namhlanje, kuninzi lwala mabandla alungileyo, baya kungena kwelo bhunga lenkonzo; hayi “ukuya” ngaphakathi, sele bephaya. Babona ukuba yiloo nto kanye ngqo ekufuneka yenziwe, “Ubuhlobo, kulungile, kutheni singakwazi ukuhlanguka sonke?” Kuba, kudala bezama, konke, iminyaka, ukwenza onke amaWisile amaBhaptizi, nawo onke amaBhaptizi amaRhabe; AmaPentekoste azamile ukubenza bonke abenkonzo yamaPentekoste. Awunakuyenza loo nto, kodwa ibhunga liyimpindulo yakho. Nantso ke impindulo, into ethi iBhayibhile bayakuyenza, kwaye yiloo nto kanye abayenzileyo. Iicawe ezinobuhlobo, ewe, mhlekazi, yindibano, “Kulungile, masibe nobudlelwane!”

⁸⁰ IBhayibhile yathi, “Bangathini na ababini ukuba bahambe kunye, bengavani?”

⁸¹ Abanye babo bayalukhanyela uzalo lwentombi enyulu. Amashumi asibhozo ekhulwini eecawa zamaProtestanti ayaluphika uzalo lwentombi enyulu. Kwaye bayalukhanyela ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Bayayikhanyela imiqondiso yoKuza Kwakhe, aMandla ovuko. Bayakhanyela ukuba Usekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Ungakwenza njani, xana uThixo wabeka sonke esi sidubedube ehlabathini ngenxa yokuba umfazi ngenye imini wathandabuza isigaba esinye esincinane seLizwi Lakhe? USathana wamxelela iNyaniso, konke ngaphandle kwento enye, kodwa yiloo nto eyabangela yonke inkathazo. Ngoku, ukuba bonke obu buhlungu bentliziyo kunye nosizi onokuthi ujonge kulo, kuba inqanaba elinye elincinane laLo laliyintandabuzo, ucinga ukuba inqanaba elinye lentandabuzo liya kuze lisingenise?

⁸² Seso sizathu sokuba uYesu eze kwiNtombi emsulwa, enyulu, ezaliswe nguMoya oyiNgcwele, hayi owehlabathi, kodwa ngaMandla kaThixo. Owu, hayi indlela ekumangalisa ngayo ukwazi ukuba kunokwenzeka ukuba ungene kweliQela! Uyenza njani? Awunakuze uyenze ngokujoyina kumbutho. Uyakuyenza xa ubhaptiziwe nguMoya oyiNgcwele, kuMzimba ofihlakeleyo kaYesu Kristu, wavuswa kunye naYe eluvukweni, ukhululekile ekufeni nasesonweni. Yiyo kuphela indlela.

⁸³ Ubumnyama! Amahlelo amakhulu, neqela elikhulu lamadoda lihlangana lize limisele iimbono zalo ngaYo, kwaye oko kukulahlela kanye emva kujijeko njengoko lalukho ekuqalekeni. Akukho themba kwaphela kuloo meko; umkile nje. Kwaye bonke babo babonakala nje bechukumiseke kakhulu ngala mabandla anobuhlobo, bacinge ukuba uThixo uyakuba nawo. “Ke, iMillennium iyakuqala xa ibhunga lonke lihlangana phezulu phaya, nazo zonke iintshukumo zobucawa, na njalo njalo,” kwaye ziyajoyina. Yintoni eziyenzayo?

Ukwenza umfanekiso werhamncwa, amandla, apho bonke abangengawo amahlelo, na njalo njalo, abangayi kuzimanya nabo, bayakuvalelwa ngaphandle. Jonga nje kwaye ubone ukuba oko kuyenzeka.

⁸⁴ Ndinayo ibhalwe apha phantsi, kwangaloo mini sithe... INkosi yandenza ndabona oko ngowe-1933. Kwaye apha nje iyindlela ngokuchanekileyo yena awathi...ngendlela Yathi, isiza nje ngendlela ekwanye, indlela upopu ayakuyishiya ngayo iRoma, na njalo njalo.

⁸⁵ Ngoku, bangabantu abalungileyo, kodwa bayaphazama. UYosefu noMariya babengabantu abalungileyo, kodwa babephazamile ngokwenene. Kodwa yayiyintoni? UThixo wasebenzisa iNkwenkwana eneminyaka elishumi elinesibini ukubonisa ukuba iLizwi limelwe kukuba lihlale linyulu, kanye into Eyayiyiyo, into Eyayithetha kwindawo yokuqala, "Wazalwa yintombi enyulu," kwaye yiloo nto Awayeyiyo.

⁸⁶ Becinga ukuba Wayekunye nabo xa babejoyina amabandla, nanjalo njalo, kodwa Yayingenjalo. Ngoku, kodwa kwabaNyuliweyo...Ngoku, obo bubumnyama, kwaye ndingahlala kuyo enye iyure.

⁸⁷ Kodwa kwabaNyuliweyo, abaxabisekileyo nababiziweyo, abaNgcwele bakaThixo, ndithi kuni, kulo nyaka uzayo: Shalom, uxolo lukaThixo!

⁸⁸ Iyure ifikile! Ukuba bendinokubuyela phaya ngaphambi kwemihla yokudalwa kwehlabathi, ndize ndikhangele ezantsi kwaye ndiyibone yonke into, kwaye uBawo wathi kum, "Loluphi usuku ubunguthanda ukuphila kulo?" Ndingathi ngoku, ngoku! Le yiyure! Le yeyona yure inkulu elakha langena kuyo iBandla, kanye phambi kokufika koMyeni. Owu, iBandla lokwenene likaThixo ophilileyo limelwe kukuvutha, bevutha, nokuKhanya kweVangeli kungqinelwe phakathi kwabo. "Vuka ukhanye, kuba ukuKhanya kufikile kuwe," ukuKhanya kwale mini. U-Isaya wayelukhanyiso lomhla wakhe. UNowa wayekukukhanya komhla wakhe. Ngoba? WayeneLizwi libonakalalisiwe. Kwaye iVangeli, aMazwi eBhayibhile alo mhla, akukuKhanya kwale mini. Elinjani ukuzuka ixesha esiliphilayo!

⁸⁹ Ngokuba, "molo ngalentsasa" kuthetha *uxolo*. Ubumnyama buyahlanganisana. Buhlanganisela ntoni? Ukubonisa ukuKhanya. Isaya 60:1, "Sukume ukhanye, kuba ukukhanya kufikile kuwe." Kungenxa yoko le nto ndinokuthi, "Shalom," ukuKhanya kufikile kuwe, uxolo lukaThixo kuMfazi onyuliweyo, kwiNenekazi elinyuliweyo; abo bathi uThixo, phambi kokusekwa kwehlabathi, wababizela ngaphandle wabamisela kuloo Nto.

⁹⁰ Bonke abanye abanakuze baLibone. Abanakuze bazi nto ngaYo. IBhayibhile yatsho njalo. Kwaye uYesu wathi, "Akukho mntu uya kuza kuM engathanga uBawo waM amtsale, kuqala;

kwaye bonke andinike bona Mna uBawo baya kuza.” Yiloo nto...

⁹¹ Nanko emi uJudas, ukuKhanya kukhanya *apha* phezulu, kodwa emva entliziyweni yakhe kwakukho imbewu emnyama. Xa kwafika amanqam, kwabonakala ubumnyama.

⁹² Apha yayingomncinci, umfazi omdala, wonke emnyama, phezulu *apha* ngaphambili, kodwa *apha* ezantsi kwakukho imbewu eyanyulwa kwangaphambili. Kwaze kwathi kwakufika ukuKhanya, Kwabuchithachitha ubumnyama, yaza yabonakala. “Siyazi ukuba uMesiya uyeza, kwaye, xa Enzile, Uyakusibonisa ezi zinto.”

UYesu wathi, “NdinguYe.”

⁹³ Kodwa uJudas wayithandabuza loo Nto, noko ebemelwe kukuba uhamba ekuKhanyeni. Yabona, ukuKhanya *apha* phezulu akunamsebenzi; kukuKhanya *apha* ezantsi okubalulekileyo. UkuKhanya *apha* phezulu kuyakuhamba kubudlelwane, nayo yonke enye into; kodwa xa amandla okwenene kaThixo engena, akanakubuyela *kule* mbewu ifileyo, iyakubonakalisa ecaleni kwihlelo.

⁹⁴ Kodwa xa Ibuyele ezantsi *apha*, eyeyenene, imbewu eyamiselwa ngenxa engaphambili, xa oko kuKhanya kusihla apha, kubonise bonke ubumnyama bube kude kuwe, kukufaka kubudlelane noKristu. WayenguLowo Wakunika uBomi ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, kungenjalo awusayi kuKubona, oko wakuthethayo uThixo.

⁹⁵ Ngoku, kuwe Mbewu eyamiselwa ngenxa engaphambili, Shalom! Amen. Uxolo lukaThixo malube phezu kwenu, ngokuba sisondele esiphelweni ngoku. Sifike ezantsi kufutshane nesiphelo. Siza kuthetha ngelo qela, okwethutyana. Shalom!

⁹⁶ UkuKhanya kukaThixo kufikile. ILizwi, ukuKhanya, lingqinelwe kwakhona, ukuze ube nokubona imbonakalo yedinga likaThixo lalo mhla. “Ziphengululeni iZibhalo, Kuzo nicinga ukuba ninoBomi obunguNaphakade.” Ziyangqina ngomhla esiphila kuwo. Yintoni ukuKhanya kwemini? Yathembisa ntoni iBhayibhile ngolu suku? Khangela ukuba yeyiphi na iyure!

⁹⁷ Akumangalisi ukuba uYesu wabakhalimela ngokungamkholelwa uYohane. Wayekukukhanya, ngokuba umprofeti wathi uyakuza. Waye nankuya wayekho, ukukhanya okubonakalisiweyo. Abazange bayibone. Abazange bayiqonde; babcinga ukuba wayenguMesiya, kwaye *bacinga* enye into, kwaye *lena* yenye. Basilela ukuKubona.

Yesu yiza. Izibane ezibini azikwazi ukukhanya ngaxeshanye.

⁹⁸ Akunakubakho ukukhanya kwecawa kunye nokuKhanya kukaThixo kukhanye ngaxeshanye. Kufanele ukuba ibe kukuKhanya kukaThixo okucima ukukhanya kwecawa. Kwaye

yiloo nto kanye eyenzekayo namhlanje. UThixo wahlula ubucawa ekuKhanyeni Kwakhe kweLizwi ledinga lale yure esiphila kuyo. YiNyaniso leyo, sihlobo. Usenokungafuni ukuyikholelwa loo nto, kodwa linda nje ufumanise ukuba kunjalo okanye akunjalo. Sukulinda, kungcono ungene kanye ngoku ngelixa kukho ithuba lokungena.

⁹⁹ ILizwi likukuKhanya xa Lingqinelwe. Lide iLizwi, elathenjiselwa loo mhla, lingqinelwe, ngoko alikokuKhanya. Ayinakuba njalo. Ukuba uThixo uthe, “Makubekho ukukhanya,” kwaye akukho langa labakho, akukho phawu lokukhanya. Kodwa xa uThixo wathi, “Makubekho ukukhanya,” kwabakho ke ukukhanya. Xana uThixo wathembisa uMesiya, uMesiya weza, ngoko iLizwi Lakhe lazaliseka kwaye WayekukuKhanya kweyure. Xana Wathembisa uNowa, kwaye Wathembisa abanye, kwaye ukwehla, babekukukhanya kweyure.

¹⁰⁰ Kwaye kukho ukuKhanya kwale yure namhlanje, oko kunguYesu Kristu emandleni ovuko Lwakhe, iLizwi Lakhe elithenjiselwe lo mhla. “Imisebenzi endiyenzayo mna, niyakuyenza nani; nemikhulu kunale niyakuyenza, ngokuba mna ndiya kuBawo.” Imisebenzi emikhulu, nangaphezulu kunayenzileyo Yena? Uyayikholelwa? Ndiyayikholelwa. Kubonakala kuthobekile. Kubonakala ngathi ihamba phezu kwentloko yabantu. Khangela xana Wayelapha emhlabeni, wawunokwenza njani “emikhulu” imisebenzi? Ndikuguqulele okuya, amaxesha amaninzi, “ngakumbi,” kodwa yinto enye. “Ngaphezulu,” Wathi kuYohane oNgcwele 14:12, “imisebenzi engaphezulu kunale niya kuyenza.”

¹⁰¹ Ingaba uqaphele? Xa Wayesiya kwenza amanzi abe yiwayini, Wathabatha amanzi, kuqala; into esele idaliwe, kwaye yajika yaba yiwayini. Xana Wondla amawaka amahlanu abantu, Wathabatha intlanzi eyakhe yadada emanzini, wayiqhekeza, wanikeza, kwaye waphindaphinda indalo. Wathabatha isonka esasiyingqolowa, sabhakwa sasisonka, wasiqhekeza waza wasixhoma phambi kwebandla . . . wanika abantu, saza yabuya kwakhona. Waphindaphinda indalo!

¹⁰² Kodwa ngemihla yokugqibela, apho kungekho mqondiso wendalo, Uyithetha kwindalo, nakanjani na, ubonisa ukuba ikwanguloo Thixo wayekho ekuqalekeni. Unako ukudala oonomatse, Angadala nantoni na Afuna ukuyenza, ngokuba Yena unguThixo. “Izinto ezinkulu kunale niyakuzenza, ngokuba Ndiya kuBawo.” ILizwi alinakusilela, kwaye Limelwe kukubonakalaliswa kwaye limelwe kukuzaliseka. “Emikhulu kunale uya kuyenza,” hayi ukuyiphindaphinda, kodwa ukuthetha phandle kwindalo.

¹⁰³ Qaphela eLizwini ngoku xa Wathembisayo. Siphilile, apho sikhoyo, ngoko? Ingaba siphila kweyiphi imini? Yeyiphi iyure?

Ukubonakaliswa kweLizwi likaThixo, njengokuba kunjalo kuzo zonke iiyure. Ninawo uMyalezo kwi *Izigaba Ezisixhenxe Zebandla*. Khangela ngokuchanekileyo indlela ngalinye laloo marhamncwa laphumayo, namaRhamncwa awalandelayo. Jonga ngokuthe ngqo ukuba ayizange ifike kwisigaba sohlaziyo, naso sonke isigaba sexesha, kanye ngendlela ebekufanele ukuba yiyo, kanye njengoko iLizwi lakutshoyo. Kwaye uyakubonakalalisa ngokunjalo uMoya oyiNgcwele namhlanje kanye njengokuba iBhayibhile yathi uyakuba yiyo.

¹⁰⁴ Sibona isithunzi emazulwini nasemhlabeni, nazo zonke izinto, namabunga nezinto zilungiswa.

¹⁰⁵ Kwaye siyabona, embindini wayo yonke loo nto, iVangeli ezukileyo kaYesu Kristu, ithenjiselwe lo mhla, iZibonakalalisa. Siphila kwixesha eliminandi. Shalom kuni nina baneLizwi ezantsi entliziyweni yenu, nanyulwa kwangaphambi kokusekwa kwehlabathi, ukuva iLizwi lalo mhla. Ukuba awunalo, ngunyaka ombi kuwe ngaphambili. Ukuba kunjalo, lihlabathi elihle kuwe ngaphambili, okanye usuku oluhle, unyaka omkhulu ozayo ngoku, unyaka omtsha.

¹⁰⁶ Hayi ukutyhila iphepha elitsha; abantu abaninzi bazama ukutyhila iphepha elitsha kunyaka omtsha, balibuyisele kusuku olulandelayo.

¹⁰⁷ Njengebali elincinci ebendilifunda ngenye intsasa. Umfazi othile wakhwaza umyeni wakhe, owavuka ekuseni waphuma waza wathabatha iphepha lakusasa, kwaye wayefunda iphepha lakusasa. Wathi. . . Wathi, “Ingaba kukho into entsha ezindabeni?”

Wathi, “Hayi, yinto enye kuphela, ngabantu abahlukeneyo kuphela.”

¹⁰⁸ Imalunga nendlela ekuyiyo namhlanje, into enye. Sinombutho omtsha, imfundiso enye endala; yiphulula nje, umntu afumane inqanaba elincinane layo lisiya *kule* ndlela okanye *leya* ndlela.

¹⁰⁹ Olu lusuku olutsha. Haleluya! Lo ngumhla esifanele sivuke kwaye sikhanye, Ngamandla kaYesu Kristu. Isithokothoko sihleli phezu komhlaba; kufanele ukuba kubekho imini entsha kuthi, ewe, eneneni, eyenza kanye ngendlela Ayenza ngayo. Kodwa tyhila eLizwini Lakhe ubone idinga elithenjisiweyo ngalo mhla, kwaye uyakuyazi ukuba uphila ekuKhanyeni kwemini okanye hayi. Ukutshintsha ikhalenda akulitshintshi ixesha; itshintsha kuphela ikhalenda.

¹¹⁰ Ngoku phulaphula ngenyameko. Yenza njengoko uDavide wenzayo, beka ikamva lakho esandleni Sakhe. “Njani? Yintoni endimele ndiyazi ukuba mandithini, Mzalwana uBranham?” Beka ikamva lakho esandleni Sakhe. Kungakhathaliseki ukuba yintoni na ezayo okanye ehambayo; mthembe. UliLizwi, ngoku yazi. Wathi uDavide, “ixesha Lakhe lisesandleni saM. Thembelela

kuYe ngamaxesha onke. Hlala uthembele kuYe.” Wayesazi ukuba ngubani obambe ikamva, uDavide wakwazi, naso isizathu sokuba abe nokuthetha oku. Mnye kuphela obambe ikamva, nguThixo lowo. Ngoko ke, Yena ubambe i—ikamva, Mvumele akubambe. Konke kulungile.

¹¹¹ Abanye abantu bathi, “Kodwa, Mzalwana uBranham, ndizamile kwaye ndizamile.”

¹¹² Kodwa linda umzuzu. Umonde sisidima. Umonde sisidima sikaMoya oyiNgcwele. “Abathembele kuYehova baya kuhlaziyeka emandleni.”

¹¹³ Uthi, “Ndingalinda njani ixesha elidana?” Hlala nje ulindile. Xa wenze konke onokukwenza yima, ngoko yima, yabona, yima nje. “Ndiza kuyenza njani?” Yima! Wathi yiNyaniso, kwaye iyiNyaniso. Wathi kuya kwenzeka. “Njani?” Andazi; kodwa izokwenzeka. Watsho njalo. Wayithembisa. Ukuba Wayithembisa, iyakwenzeka. Kuko konke. Ayinakonakala.

¹¹⁴ Ke ngoku khumbula nje, uThixo wathabatha amawaka eminyaka ukuzalisekisa idinga Lakhe loMsindisi ozayo. Kwiminyaka engamawaka amane, uThixo wathabatha ukuzalisekisa eso sithembiso. Kodwa Wayesazi, ukususela ekuqalekeni, kanye ukuba yayiyakwenzeka nini na. Wayesazi; akukho mntu wumbi. Uthe nje kuya kwenzeka. Kwaze kwathi kwakwenzeka, abantu babekulahleko olunjalo, bade bangazi ukuba bayakuyamkela njani na. Ukuba loo nto inye ayiphindanga kwakhona! Ihlala isenza, ayisoze yasilela, macala omabini, rhoqo.

¹¹⁵ Wenza ntoni ngale minyaka? Wabonisa imifuziselo yokuza Kwakhe.

¹¹⁶ Wayibonisa kuYosefu. Ukuba ubuya kujonga ubomi bukaYosefu; ethiyiwe ngabazalwana bakhe, ethandwa nguyise. Ngokuba? Ngokuba wayengowomoya, kuba wabona imibono. Abanye babo abazange babone mibono; babengoosolusapho kodwa abazange babone imibono, batolike amaphupha. Kodwa babemmonela. Wathengiswa phantse ngamashumi amathathu esilivere, waphuma emhadini apho wayemelwe kukubulawa khona, wahlala ngasekunene kukaFaro. Kwaye xana waphuma etroneni, ixilongo lakhala, “Goba idolu; UYosefu uyeza!”

¹¹⁷ Kanye ngqo into eyenziwa nguYesu, uhleli ngasekunene kukaThixo. Kwaye xa Eshiya iTrone, amaxilongo ayakukhala. Kwaye lonke idolu liya kugoba, kwaye livume kuYesu Kristu, uNyana kaThixo. Ngokuchanekileyo.

¹¹⁸ Wayibonisa kwimifuziselo kaDavide, xa wayephezulu kwi. . . ukumkani owaliweyo ejonge iYerusalem, elila. “Kufuthi kangakanani ndinibuthela, njengesikhukukazi sibuthela amantshontsho aso, kodwa beningayi kuvuma.”

¹¹⁹ Ukuhla kuso sonke isigaba sexesha, Wayibonisa ngemifuziselo, esazi ukuba ngenye imini umfuziselo wokugqibela uya kuzalisekiswa, kwaye imbonakaliso ephелеleyo kaMesiya Wakhe othenjisiweyo yayiya kubakho. Kwaye lakufika idinga elipheleleyo, nangona Wayifuzisela... Umhla nomhla, unyaka nonyaka, Wayifuzisela. Kwaye kwakufika kwinene, abazange bayikholelwe.

¹²⁰ Wenze kwaloo nto inye, wayifuzisela, wayibonisa kwizigaba zebandla, nayo yonke into, ukuya kwiyure esiphila kuyo, kwaye abantu basebumnyameni obukhulu, kubonakala ngathi abanakukuqonda oko. Enje into ebuhlungu!

¹²¹ Akukho ngaphezu kokubona umfana olapha phandle, omhle, omkhulu, umfo omile kakuhle eneenwele zakhe, oko akwenze kusongeke njengokuba besenza abafazi, enxibe uhlobo oluthile lebhulukhwe, nejezi enkulu ende ejingayo, enxibe izihlangu ezimfusa. Ubudoda? Owu, bethu, into embi kangakanani na ukuyibiza indoda! Enjani yona into yokubizwa indoda! Injalo lo nto.

¹²² Bona umfazi othile, ofanele ukuba ethambile kwaye ethandeka, ephuma enxibe ibhulukhwe yamadoda, umdiza emlonyeni wakhe, neenwele ezinqothuliweyo. Enjani yona into yokubizwa umfazi! UYesu wabiza uMariya, “umfazi.” Akufanelanga nokuba abizwe oko; ibhinqa nje.

¹²³ Qaphela, kwaye iyure! Ngokuba? Ngamanye amaxesha abantu abathi babange kwaye bacinge ukuba banyanisekile, kodwa isithokothoko sobumnyama sibafake koku. IBhayibhile ithe baya kuba njalo. Funda u-Isaya 6 kwaye ufumanise ukuba abafazi bebengamelwe kukwenza ngolo hlobo na ngemihla yokugqibela, kanye ngokuchanekileyo yiloo nto iBhayibhile yathi bayakuba yiyo. LiLizwi likaThixo. UYeremiya nabanye abahlukeneyo bathetha ngale yure siphila kuyo ngoku, kuba basibonile isiphelo ukususela ekuqalekeni. Ke siyazibona ezi zinto, nesithokothoko sobumnyama phezu kwabantu.

¹²⁴ Ewe, kwathatha uThixo amawaka eminyaka, phosa... ebonisa imifuziselo kunye nayo yonke into, baza ekugqibeleni abaMazi ekufikeni Kwakhe, nakubeni Wayezotywe kuYosefu nakuDavide no-Eliya, nakubo bonke ukuhla apho. Wayezotywe kunye nabo, ukanti asiqondi ukuba kutheni bengazange baYibone. Kwaye nantsiya yayiphaya, kanye eSibhalweni, “Ephuma eBhetelehem yakwaYuda,” Wayeza kuzalwa. Sifumanisa loo nto eZibhalweni, indlela Awayeya kuzalwa ngayo, intombi enyulu. “Intombi enyulu iya kumitha izale uMntwana, kwaye baMthiye iGama elingu Emanuweli.”

¹²⁵ Kwakutheni ukuze baMbulalale? “Ngokuba Yena Wazenza uThixo,” kwaye Yena wayenguThixo. Ngokuqinisekileyo, bayayivuma loo nto. “Wathi Yena Uzenza uThixo, elingana noThixo, esithi, ‘NdinguNyana kaThixo.’” Kuba, Wayenjalo!

¹²⁶ IBhayibhile ithe Makabizwe, “Umcebisi, iNkosana yoXolo, uThixo onamandla, UBawo Ongunaphakade, Mmangalisol!” Yiloo nto Awayeyiyo. Kwakutheni ukuze bangayiqondi loo nto?

Akumangalisi ukuba Wathi, “Nifanele niziphengulule iZibhalo.”

Bathi, “Singabafundi bakaMoses.”

¹²⁷ Wathi, “Ukuba beningabafundi bakaMoses, ninge nindazi Mna. UMoses wabhala ngaM.” Kwaye babengayazi.

¹²⁸ Kwaye ilixa liphezu kwabantu kwakhona, xana bayakuya kwimigaqo yabo nezinto ezinjalo, endaweni kaYesu othandekayo. Injalo lo nto. Ezi zinto zinkulu kakhulu zizayo, kwaye zibazisa kanye kobungakumbi ubumnyama nobungakumbi ubumnyama. Kwaye uThixo eyivakalisa eLizwini Lakhe, ngemiqondiso nezimanga emazulwini, kwaye ebonakalisa, exela izinto ezenzeka kanye ngokuchanekileyo kwiyure ukuya kumzuzu, into eyakwenzeka. Kwaye ke baqhubeka behamba kanye ngendlela enye. Kubonakala ngathi abanakuyinceda. Abantu abalungileyo, ewe, mhlekazi, benza kwaloo nto inye ngoku njengoko babesenza ngoko.

¹²⁹ Sizizidalwa zexesha. UThixo zizidalwa zikaNaphakade... UThixo usisidalwa sikaNaphakade. Akazange aqalise kwaye Akanakuphela. Ngoko kutheni ungazinikeli nje kuYe? Khangela phezulu, kwaye ukhanye ngovuyo lokuKhanya kweLizwi likaThixo okukhanyayo namhlanje. Kutheni abantu bengayiboni Oko, zihlobo?

¹³⁰ Mamelani, ndingumzalwana wenu. Ndiyanithanda. Ingaba bekungayi kuba lula kum ukuba ndinyamezele, xana, kwaye ndiqhubeke ndithi, “Owu, kulungile, ndiyakwenzelelela kOku, ndiya kwenze-...”? Andenziwanga ngokuphuma kokuya. Hayi, mhlekazi. Xana iliLizwi, liLizwi. UThixo makasincede siyimele loo nto iyinyani! Ewe, mhlekazi. Bekuya kuba kuhle, ngokuqinisekileyo, ubuya kufumana ukumbambazelwa okuninzi emhlana. Kodwa yintoni endi, yakuyenza ndimi apho ngaloo Mini xana loo minwe ingamathambo ikhomba ebusweni bam ithi, “Ubusazi ngcono, kodwa wasilela ukusixelela”? Whew! Hayi!

¹³¹ Ndiya kuba njengoPawulos, “Andikuphephanga ukunazisa lonke iCebo likaThixo.” Akukho gazi lamntu liphezu kwam. Yiyeke Iye apho inokuba ikhona. YiNyaniso leyo. UThixo uyayazi, kwaye Uyayixhasa aze athi iyiNyaniso.

¹³² Phendukela entwenini, kuMzalwana uBranham? U, ubuyakuba sisidenge ukwenza into enjalo. Phendukela kuKristu, kwaye Yena uliLizwi! Phendukela kuKristu!

¹³³ Mka kwimigaqo! Buyela ngaphakathi... Andikhathali, ungaqala imigaqo yakho, kumakhulu amahlanu eminyaka eyadlulayo, ukuba nje... Oko akuthethi nanto inye kuThixo.

Abo baSadusi nabaFarisi baqala kudala ngaphambi kokuba nenze, kwaye bagwetyiwe.

¹³⁴ Owu, uzama ukubeka ubungqina bakho boMoya oyiNgcwele phezu kwezenzo ezahlukeneyo. Ndiyakholwa kwimbonakalo yoMoya oyiNgcwele. Wenza ntoni? IPentekoste ithi, “Ukuthetha ngeelwimi bubungqina bokuqala boMoya oyiNgcwele.” Ndibone amagqwirha nabathabakathi bethetha ngeelwimi. Ndibabonile bethetha ngeelwimi, besela igazi kukhakhayi lomntu, kwaye baprofete kwaye bakhanyekele ukuba kukho into enjengoThixo. Ndikhe ndaya kwiinkampu zamagqwirha apho babeka ipensile etafileni kwaye bayenze ixhuma-xhume, kwaye ibhale ngeelwimi ezingaziwayo kwaye iyitolike. Injalo lo nto. Loo nto ayinanto. . . Kanti, ndiyakholwa ukuba uThixo uthetha ngeelwimi ezingaziwayo ngabantu Bakhe. Kodwa ubeka uxinzelelo olukhulu kuloo nto, “Kutheni kufuneka kubekho itoliki? Kutheni le nto kufuneka ibe ngumyalezo oya ebandleni?”

¹³⁵ Emva koko nina bantu ningabanye, nithi, “Iziqhamo zoMoya, yindlela esazi ngayo. Uthando, uvuyo, leyo yindlela esifumene ngayo ubungqina.” Yiyo? Ngoko iNzululwazi yobuKristu inibethile nonke. Bakwenza oko ngaphezu kwenu nonke maPentekoste, maWisile, namaBhaptizi, nidibene.

¹³⁶ Khangela okwenzekayo. Makhe ndinibonise iziqhamo zoMoya, kwaye ndibone ukuba ningaphinda niyele okuya kwakhona. Masithathe uYesu. UThixo andixolele ngala mazwi ndiza kuwathetha; ndiza kuMjikela umzuzu nje, ukunibonisa, thabatha eli bhunga lamadoda lilapha, kunye neli bhunga lamadoda apha ngale njikalanga. Ndizakuthi. . .

¹³⁷ “Bahlekazi, kukho uMfo osemntsha apha, oGama linguYesu waseNazarete, sanukuba nanto yakwenza naYe! Wayengubani owokuqala. . . Isifundisa ntoni iBhayibhile yethu? UThixo luthando. Ngubani owayengowokuqala ukuba nawe ekuzalweni kwakho? Owakho onobubele, umpristi omdala. Injalo lo nto. Ngubani oza kuwe xa ubuswele, ungenamali, kwaye wakuboleka imali? Owakho onobubele, umpristi omdala. Ngokuchanekileyo. Ngubani owabeka isandla sakhe egxalabeni lakho nakwigxalaba likamama, xana wawumalunga nokwahlukana, kwaye wanithandazela ukubuyela kwakhona kuThixo? Owakho onobubele, umpristi omdala. Ngubani na owathabatha icala nawe, xana wena nommelwane wakho benixabana, wanibuyisela ndawonye kubudlelane? Owakho onobubele, umpristi omdala. Injalo lo nto. Ngubani lowo, ngamazwi okugqibela ayakuthethwa kuwe ngaloo mini phaya? Ngubani? Bakuyeke ukuba ulale phaya kwaye ubole; kodwa owakho onobubele, umpristi omdala uyeza akusikelele, kwaye athumelele iLizwi likaThixo kunye nawe. Owakho onobubele, umpristi omdala!

¹³⁸ “Kuthiwani ngalo Mfo ubizwa ngokuba nguYesu

waseNazarete, ngoko, yabona, sesiphi isikolo Aphuma kuso? Owakho onobubele, umpristi omdala kwafuneka enze idini, bonke ubomi bakhe. Utatomkhulu wakhe wayengumpristi. Uyise kayise kayise kayise kayise mkhulu wayengumbingeleli. Ubeka ixesha lakhe lonke embuthweni. Uqeqeshelwe iLizwi; uyayazi into ayithethayo.”

¹³⁹ Ngoku sithetha ngeziqhamo zoMoya: ububele, uthando, uvuyo, uxolo, ukuqonda, ukuzeka kade umsindo, umonde, yabona, isiqhamo soMoya.

¹⁴⁰ “Uthini ngalo Yesu, uvela phi Yena? Asinalizwi lokuba Wakhe waphuma nakwesiphi na isikolo. Konke Akwenzayo kukuzama ukukrazula izikolo esizakhileyo.” Akukho siqhamo sininzi soMoya apho, akunjalo?

¹⁴¹ “Wenza ntoni phezulu phaya apho abo barhwebi bahluphekayo phaya ezantsi, noosomashishini ababemelwe kukuba benjenjalo... Bona, abafuyi zigusha, ke ba—babeka uthango oluncinane phaya ukuze indoda ibe nokuzisa igusha. Loo somashishini ulihlwempu, u—ufuna ukunikela ngemvu, kuba yimfuno kaThixo. Ungenisa i—igusha, athengisele ngayo usomashishini, ukuze abe nokunikela ngenxa yomphefumlo wakhe. Wenze ntoni lo Yesu waseNazarete? Wakhaba ezitafileni zakhe; wathabatha isikhumba, wasiphotha, wababetha abobabingeleli apho; kwaye wabiza owakho onobubele, umbingeleli omdala, ‘inyoka engceni; umhanahanisi!’”

¹⁴² Ngoku usibiza eso isiqhamo soMoya? Ngokuqinisekileyo akunjalo. Ngoko kuphi apho isiqhamo sakho soMoya siwela khona? Akukho ngaphezu kokuba ucinga ngeemfesane, kwaye Yena ehamba kwisihlwale sabantu apho, izihlwale zilele, iimfama, abakhubazekileyo, abaxhwalekileyo, abashwabeneyo, izilima, iziqhwala, kwaye akazange aphilise namnye kubo; ezele luvelwano. Abantu abanengqondo yenyama abanakuze baYazi. Izikolo zakwalizwi aziYifundisi. Sisityhilelo. Ngokuqinisekileyo. Isiqhamo soMoya siwela ecaleni apho, akunjalo? Abo babingeleli babeneziqhamo zoMoya ngokuphindwe kalishumi.

¹⁴³ Ubungayazi njani into elungileyo? Isibonakalaliso seLizwi elithethiweyo likaThixo libonakalalisiwa, ukuKhanya kweyure. Ngokuqinisekileyo. Nantso into obuyiyo ubungqina boMoya oyingcwele, ukukholwa kwiLizwi likaThixo xa libonakalalisiwe. WayeliLizwi, libonakalalisiwe. Kwaye abanye babo baLikhanyela, baLihleka, bahlekisa ngaYe baMbiza ngokuba ngu—umvumisi, umoya othile ongcolileyo; kukho ubungqina, ukuthetha ngeelwimi, kukho ubungqina beziqhamo. Obona bungqina bukhoyo, kuxa umntu ekholelwa kwiLizwi elibhaliweyo. Xana Lingqinelwe, hamba ekuKhanyeni kwaLo. UYesu wayekukuKhanya kweyure ngokuba WayeliLizwi ledinga leyure, kwaye wazama ukubaxelela njalo, kodwa nabo

babesebumnyameni kakhulu—kakhulu ukuyiqonda. Kunjalo, namhlanje, ngoku.

¹⁴⁴ Ngoku izidalwa zexesha, sizizo. Nikela kuYe iindlela zakho, kwaye Yena uyakulikhupha ikamva lilungile, ngokuba siMbona nje njengokuba Enjalo eLizwini.

¹⁴⁵ Umbonile engqinela iLizwi elithenjisiweyo lanamhlanje. Uyayibona kwimiqondiso enyangeni. Uyayibona emabandleni. Khumbula.

¹⁴⁶ “Wathi, ‘ebandleni,’ oko kunakwenza nantoni necawa?”

¹⁴⁷ Umzuzu nje. Inyanga imele ibandla. IYerusalem sesona sixeko secawa sidala saziwayo ehlabathini. UMelkitsedeki uvela kwesa sixeko; uKumkani waseSalem, uKumkani woxolo, uKumkani waseYerusalem. Kunjalo, esona sixeko sidala ehlabathini. Kwaye leyo yayiyinyanga, njengalapho wawumiselwe khona umthetho, kwaye naku kusiza eli liza lobumnyama beNtlanga lisiza phezu kwayo. Wathi, “I—ibandla liya kunyathela phantsi iindonga zeYerusalem side isigaba seeNtlanga siphele.” Kwaye nali. Siphila kanye kulo. Libuyela emva, kanye njengokuba igama lam linguWilliam Branham. Ewe, mhlekazi, siyayibona. Lizekelisiwe, lazekeliswa kwangaphambili, laxelwa kwangaphambili; libiza abaNyulwa baphume. Baphuthaphutha kanye ebumnyameni, bonke abanye, njengoko behamba hamba. Konke kulungile.

¹⁴⁸ Ngoku siyalibona iLizwi Lakhe lingqinelwe. Siyakholwa. Ke ukuba Walingqinela iLizwi lanamhlanje, into eliyiyo, yintoni endiyihoyileyo malunga nokuba yintoni unyaka oyizisayo? Yintoni endiyikhathaleleyo ngonyaka ozayo? Yintoni endiyikhathaleleyo ukuba ndiyaphila okanye ndiyafa namhlanje? Lonke iLizwi Awalithembisayo liyakungqinelwa, ngalinye! Ukuba Uyakwazi ukuyenza namhlanje, emva kokuyithembisa kumawaka amabini eminyaka eyadlulayo; ukuba yiminyaka elikhulu lamawaka, namhlanje, uYesu uya kubuyela emhlabeni enomzimba obonakalayo, ngenxa yeBandla, o—oHlangulweyo, uMtshakazi, kwaye aMthabathe amkhuphe apha. Nokuba yeyiphi na into ezayo, ihamba, iifashoni, ithi “qhubeleka,” kwaye abantu banokuhamba ebumnyameni obupheleleyo kwaye bakholwe nayiphi na into abafuna ukuyikholelwa, kodwa uYesu Kristu uyakubuya kwakhona. Ndithembele kuYe ngekamva, ngoko. “Nkosi Thixo, andazi ukuba ingomso liphethe ntoni, kodwa ndiyazi ukuba Uphethe ingomso.”

¹⁴⁹ ILizwi Lakhe lifana nje nesimfoni enkulu. Bangaphi kuni abakhe bayiva isimfoni? Ewe, wonke umntu wakhe wayiva. Ngoku khumbula, isimfoni kuxa umculo udlalwa kumdlalo weqonga. Ndinga ukuba ndinako oku ngokulungileyo, isimfoni. “UPetros kunye neNgcuka,” niyayikhumbula loo nto, ibali lakudala indlela ababeqhele ukwenza ngayo. . . Ndikuvile

oko, indlela abawathatha ngayo amagubu bawenze i—isinqola mthi sinqola, kwaye ephuma uPetros, kunye nokugrarama kwengcuka, nokukhala kwamaxilongo; isimfoni.

¹⁵⁰ Ngoku, ukuba awuyiqondi isimfoni, liqela elikhulu lengxokozelo kuwe, ukuba awuyiqondi. Kuya kufuneka uqonde ukuba yintoni na. Konke kwenziwa ngamaphawu kunye neentshukumo, kodwa idlala idrama kule simfoni. Ngoku, siyaqaphela, ekuphela kwakhe oyiqondayo isimfoni ngumqambi kwaye abo banomdla ekuyazini, bayazazi iinguqu zayo, bayayazi into eyenzekayo.

¹⁵¹ Umqambi wazi zonke iintshukumo, ukusuka ekupheleni ukuya ekuqaleni, ukusuka ekuqaleni ukuya ekupheleni. Ingaba ubukwazi oko? Lowo wayibhalayo, nguye oqamba oku, wazi zonke iziphambuka ezincinci. Ukuba uyazazi zonke iziphambuka, ngokunjalo umalathisi kufuneka enjenjalo, ukuze alathise. Ngoku uzakuyijija njani imvumo nkolo yakho kuloo nto? Enye impazamo encinci yaloo ntonga, olo phawu, olunye uphawu olungelulo oluncinane kwisiphambuka, lungayiphosa yonke i-okhestra ecaleni, iyiphose ngaphandle yonke isimfoni. Ngoku uyazi ukuba yinyani leyo. Umqambi kunye nomalathisi kufuneka babe kumoya mnye.

¹⁵² Yiyo loo nto umlungiseleli kunye neLizwi likaThixo, iSimfoni enkulu kaThixo eBesoloko eyidlala ukususela ekuqaleni kwexesha; umlungiseleli, eLizwini, akufuneki ajonge ngapha athi, “Ndiyakholwa ukuba *oku* kufanele ukuba kube njalo; umelwe kukuba uLenze *ngolu* hlobo.” Kufuneka ahambe ngendlela iphepha loMculo elithi yithathe. Leyo yindlela iVangeli emelwe kushunyayelwa ngayo, ngendlela iLizwi elithi Mayithathwe ngayo. Uyazi, ukuba ubunokuphosa imvumo nkolo Phaya, uyonakalise yonke loo nto. Imelwe kukuhamba yenza idrama ilunge kanye kanye.

¹⁵³ Umalathisi kufuneka ahambe oko akuthethileyo umqambi, awubethe kanye ngokuchanekileyo, umculo. Ngoku khangela, konke kwenziwa ngeempawu, kwaye kufanele ukuba ibe luhlobo olululo lophawu, ukunika uhlobo oluchanekileyo lwesandi.

¹⁵⁴ UPawulos wathi, “Ukuba ixilongo lithe lalila ngezwi elingaqondakaliyo, ngubani na owoyixhobela imfazwe?”

¹⁵⁵ Ngoku uyambona uMqambi, uThixo, Owabhala iBhayibhile, isisityhilelo sikaYesu Kristu ngokupheleleyo. Wayezazi iinguqu zexesha. Kwaye indoda, u—umalathisi obalathisayo, umqondiso wesigaba, umelwe kukuba uhambe ngokuchanekileyo kanye nemiqondiso yeBhayibhile. Haleluya! Bethu, bethu, bethu, bethu!

¹⁵⁶ Owu, mzalwana, dade, yintoni ingxaki ngehlabathi? Kutheni ingaba ndiphambene? Kukho into engalunganga ndaweni ithile. Isimfoni ayihambelani nephepha loMculo! Benza umgaqo wecawa nayo yonke enye into, xa iliLizwi

elimelwe ukushunyayelwa, libonakaliswe. Kukho into engalunganga kubalathisi, ke iqela lonke labadlali liphixene, kwaye abazi ukuba benze ntoni. Bonke abaqhelekanga, “Kwenzeke ntoni? Yintoni eyenze *oku*? Yintoni, *oku* kwenzeka? *Oku*, kwenzeka njani oko?” Abazi ukuba mabenze ntoni ngoku. Ukuchithachitha, ngokuba akuzange kuhambelane neLizwi. Nantso into eyingxaki neyethu, into esiyibizayo, imvuselelo yemihla yokugqibela. Nantso into eyingxaki ngomyalezo wethu wePentekoste. Siye saphuma kwisingqi seBhayibhile, sahamba saza senza umbutho njengoko benzayo phaya emva. Laphuma esingqini.

¹⁵⁷ Thixo, yiba nenceba. Ndingwenela ukuba bendinamazwi endinokuthi ndiyenze Ingene ngaphakathi, njengoko yayinjalo, ukuze ndikwazi ukuyisasaza ndiyivule kwaye ndiyigalele phakathi.

¹⁵⁸ Awuboni, mzalwana wam, dade, imelwe kukuhambelana? Umalathisi umelwe kukuba kunye neLizwi. Xana Lithetha into enye, ungathethi enye into; liyakunika uphawu olungalunganga, emva koko yonke into iphume kwisingqisho. Injalo lo nto. ILizwi likaThixo liluvelwano olukhulu, isimfoni, gxebe. Ndixoleleni. Kufuneka uqale njengokuba Wenzayo, kuMculo. Kufuneka uqale ngaYe. Qaphela, ngena kwisingqi saWo.

¹⁵⁹ Yithi, “Ke, ndajoyina icawa.” Ayisosingqisho eso. “Ndenjenjalo.” Ayisosingqisho eso. “Ndenyuka ndaya esiguqweni kwaye nda—dathi, ‘Ndiyakholelwa ukuba uYesu Kristu unguNyana kaThixo.’” USathana wenza kwaloo nto. Ayisosingqisho eso. Yabona, uphuma kwisingqisho. Kwenzeke ntoni? Mhlawumbi omnye umalathisi ukuxelele, “Xhawula izandla kwaye ubeke igama lakho kwincwadi; joyina iklabhu yethu, umbutho wethu.” Nonke niphumile kwisingqisho!

¹⁶⁰ Ke xa into yokwenyani iqala ukwenzeka apha phakathi kweqela elincinane, uyakuthi, “Ke, kuthekani malunga n*Okuya*, azihambelani.” Buyela emva eLizwini ubone ukuba ngubani na ongahambelaniyo. Bona oko uThixo akuthembisileyo. Bona ukuba wathini na uMqambi ngaYo.

¹⁶¹ Yabona, unaye wonke umntu kubaphulaphuli bakho. Yiyo loo nto ihlabathi likhangela ngapha nangapha. Xa ibandla kufanele lijongwe njengenkwenkwezi eqaqambileyo, ekhanyayo, ukuKhanya okuhleli phezu kwenduli, ekungekho mntu unokukogqitha, kungabikho mntu uKugxekayo.

¹⁶² Kwaye, namhlanje, yintlekisa yehlabathi, kuba abolathisi balibeke ngaphandle kwemvisiswano noMqambi. Yabona ukuba ndithetha ukuthini? Babetha izinto ezingekho Phaya. Abadlali mculo abazi nokuba mabenze ntoni na ngoku; ibandla, bonke bakwisiphithiphithi. Besithetha ngayo yonke le nto, yonke iminyaka, kwaye siyigxeka, kwaye ngoku sijoyina kanye kuyo. Owu, kukho into engalunganga ndaweni ithile.

¹⁶³ Qaphela, kufuneka uqalise kuMculo njengokuba Wenzayo, ungene kwisingqisho saWo, ungene kwiLizwi elithenjisiweyo. Yabona indlela Awayenza ngayo ekuqalekeni, bona indlela Awayenza ngayo kwisigaba esiphakathi, bona indlela Ayenza ngayo ngoku, ihlala iyinto enye.

¹⁶⁴ Jonga umalathisi, indlela ayenza ngayo. Ukuba akayenzi, ukuba ukukhomba kumbutho othile; akuzange kubekho malathisi wenza loo nto. Umalathisi wayesoloko ekwalathisa eLizwini. Abaprofeti bakudala, balatha eLizwini. BabeliLizwi. Baliphila iLizwi. Kwaye lenza ntoni? Labonakalalisa uThixo. Oko kwazisa iLizwi elibhaliweyo laloo mhla ebomini, ngokuba Lafika kubo. Kwatyhilwa kubo. YayiliLiwa labo elo. Haleluya!

¹⁶⁵ UYesu Kristu, iLizwi likaThixo, uliLiwa lethu. “Phezu kolu lwalwa ndiya kulakha iBandla lam,” iLizwi likaThixo elityhiliweyo. Shalom, kwikholwa lenene. Uxolo! Sikwixesha lesiphelo. “Kweli Liwa ndiya kulakha iBandla laM,” isityhilelo seLizwi.

¹⁶⁶ Omnye wathi, “Ke, Uyindoda enkulu. Ufana noMoses. Uyindoda enkulu. Unje. . .” Akunjalo.

Kodwa isityhilelo sathi, “Wena unguNyana kaThixo.”

¹⁶⁷ Wathi, “Inyama negazi azizange ziKutyhile kuwe, koko nguBawo waM oseZulwini. Phezu kwale Nyaniso ityhiliweyo, Ndiya kulakha iBandla laM.”

¹⁶⁸ Ingaba yintoni? UliLizwi. “Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo,” kwaye uLizwi usenguThixo. Nje Yena, okwanguye namhlanje, Ezibonakalisa njengokuba Wayenjalo; UMoses no-Eliya, ukwehla, noYesu, kwanaloo Thixo mnye namhlanje, imenza Yena “UYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade,” Hebbere 13:8. Yabona, abazange bakukhombe kwiqela. Bakwalathisa eMntwini, bakwalathisa kwiLizwi, uThixo.

“Ndingaqala ngaphi, Mzalwana uBranham?”

¹⁶⁹ EMnqamlezweni, qala eMnqamlezweni kunye naYe. “Guquka, kholelwa iLizwi,” yiloo nto eyathethwa yiBhayibhile. Emva koko landela isingqisho salo lonke iLizwi.

Uthi, “Kulungile, ndenze ntoni?”

¹⁷⁰ Qhubeka nje ulandela isingqisho seLizwi. Ukuba *ukuququka* yinto yokuqala ekuqondeni, yenza oko, linyathelo lakho lokuqala elo. Beka inyathelo lakho elilandelayo apho iLizwi lithetha khona. Ukuqhubekeka, ukuqhubeka nokuqhubeka, kwaye umatshela phambili kunye naYe.

¹⁷¹ Ungasophuli isingqisho ukuba uyinxalenye yesimfoni kaThixo. Musa ukophula isingqisho seLizwi. Musa ukubuza, “Ke, kutheni? Kwakutheni ukuze kwenzeke *oku*? Ndiyizamile, Mzalwana uBranham, kwaye, xana bandikhuphela ngaphandle,

uyayazi into endayenzayo? Ndabangathi nje ndiyafa yindlala.” Musa ukubuza ukuba kutheni. Uyasazi isingqisho, ukuba kufuneka siguquke njani na, kwaye zeziphi iziphambuka emelwe kukuzenza, ewe, mhlekazi, kuba kubhaliwe. Wazi konke ngaYo. Uyasazi isingqisho. Musa ukubuza ukuba kutheni. Yikholelwe!

¹⁷² UThixo wehla ukutyhubela ixesha lembali, neLizwi Lakhe ledinga, kwisigaba ngasinye, kwaye akazange asilele ukwaphula isingqisho ngaMandla kaThixo, akufika kwabanyuliweyo nabangqinelweyo abantu. Isingqisho seLizwi Lakhe ngemihla kaNowa, isingqisho seLizwi Lakhe ngemihla kaNowa, ngemihla kaMoses, ngemihla ka-Eliya, ngemihla kaYohane, ngemihla kaDavide, ngemihla kaYesu, ukwehla, Ugcina isingqisho seLizwi, ukwehla, akazange aSophule. Wehla kanye ukutyhubela kwimbali. Kwaye iMbewu enyuliweyo, eyaLibonayo yaLikholwa, yawela kanye kweso singqisho naLo.

¹⁷³ Abanye bathi, “Ewe, kodwa ibandla lithi...” Loo nto ayinanto yakwenza naYo. Awuzalelwanga kuloo nto.

¹⁷⁴ Uzalelwe eLizwini, kuba uzalelwe kuKristu. UKristu uliLizwi, ewe, mhlekazi, ngamnye kwisigaba sakhe.

¹⁷⁵ Uthi, “Ke, ndiyakuxelela nje, Mzalwana uBranham, andinako ukukhangela phambili.”

¹⁷⁶ Emva koko jonga phezulu. UThixo wathembisa, ukuba uyakukhangela phezulu, uMbone; shalom, uxolo, uxolo lukaThixo maluphumle kuni.

¹⁷⁷ Uthi, “Ngoko kutheni abanye behlekisa ngam, Mzalwana uBranham? Uyazi, abanye bahlekisa ngam, kwaye besithi ndi—ndine ‘nwele ezinde,’ ‘ndingowodidi lwakudala,” kubafazi. Indoda, “Kuba ndikholelwa eBhayibhileni, ‘Awusenabudlelwane nathi kwakhona. Asikwazi ukukwamnkela ngenxa yokuba—ukuba ukholelwa *oku noku*.”

¹⁷⁸ Kwaye uyazi ukuba yiloo ndlela kanye elibhalwe ngayo iLizwi. UThixo ubophelelekile kuwe, ukuba axhase Oko ngoko. Ngokuqinisekileyo unjalo. Akukhathaliseki ngaloo nto, kutheni besithi bahlekisa ngayo. UThixo unguThixo onekhwele. Khumbula, ukubandezeleka ngenxa yeLizwi Lakhe zintlungu zokukhula zobabalo Lwakhe. Xa ubandezeleka ngenxa yeLizwi Lakhe, zintlungu nje zokukhula.

¹⁷⁹ Uyazi ukuba umntwana omncinane, oneminyaka elishumi, ishumi elinesibini ubudala, ufumana iintlungu. Ngena, athi, “Mama, iingalo zam zibuhlungu kwaye imilenze yam ibuhlungu,” njalo njalo. Ziintlungu zokukhula. Ibonisa ukuba uneevithamini ezilungileyo. Uyakhula.

¹⁸⁰ Kwaye xa umntu eqala ukuhlelekisa ngawe, athi, “Uyifashoni yakudala. Mjonge, nguye...Owu, ndiyakuxelela, wayekade

eyiyo. . .” Kulungile, khumbula nje, ziintlungu zokukhula. Yiloo nto ukuba intshutshiso ilungile kuwe. Ziintlungu zokukhula.

¹⁸¹ Owu, ewe, Uvumela iminqamlezo neendlela eziphambanayo neziphambuka. Uhlala ekwenza oko, ukuze asigqibelelisele inkonzo yakhe. Uyazivumela ezo zinto ukuba zenzeke. Ingaba awuyiqondi loo nto? Uyakwenza oko ukuze akugqibelelisele ubizo Akubizele lona. Ezo ziintlungu zakho zokukhula. Wenza kuDanilyeli ngaloo ndlela, uyazi.

¹⁸² Wenza kubantwana bamaHebhere, kwiziko lomlilo. Lenza ntoni eli ziko lomlilo? Iziko lomlilo laqhawula kuphela amakhamandela awayebabophile. Kuko konke iziko elakwenzayo, latshisa nje lakhulula amakhamandela.

¹⁸³ Ngamanye amaxesha kuthatha izilingo ukuqhawula amakhamandela ehlabathi kuthi, zikukhuphe ehlabathini. Kusenokuba, kufuneka akukhuphe kwimvumo nkolo yakho, kuqala. Njengomntu otshona emlanjeni, kufuneka umkhuphe emlanjeni phambi kokuba ukhuphe umlambo emntwini. Leyo yindlela uThixo afanele enze ngayo ngelinye ixesha. Mazikukhuphele ngaphandle, ngaxeshanye, ze zilikhuphe kuwe ihlabathi. Kufuneka—kufuneka zikukhuphe ehlabathini, kuqala. Ngamanye amaxesha ezi ntlungu zokukhula yinto eyenza oko. Owu, ewe.

¹⁸⁴ UThixo umi phezu kweLizwi ledinga lonyaka omtsha ngamnye. Umi kuLo, kulo nyaka, ukuzalisekisa oko Akuthembisileyo kulo nyaka. Nokuba yintoni na, ndifuna ukuba sembindini wentando Yakhe kwixesha elizayo, njengoko benzayo.

¹⁸⁵ Njengo Abraham, xa wadibana neendlela zakhe eziphambeneyo, wayengazi ukuba uya kuyenza njani. Wathi uThixo kuye, “Ndiza kukunika unyana.” Iminyaka engamashumi amabini anesihlanu wayilinda. Ekugqibeleni wafika unyana, waza uThixo wathi, “Ngoku, ngalo nyana, ndiya kukwenza uyise wezizwe ezininzi. Mthabathe umnyusele phaya uze umbulale. Mthabathe umnyuse uze umbulale,” yitshabalalise kanye loo nto wayilindayo iminyaka engamashumi amabini anesihlanu. “Mthabathe umnyuse uze umbulale.”

¹⁸⁶ U-Abraham akazange akhathazeke. Ayizange imkhathaze. Wazichola iinkuni waze wazibeka phezu kwe-esile elincinane, waze wathabatha unyana wakhe. Wamthabathela encotsheni yenduli, ukuya kumnikela, ngokuba ubesazi u-Abraham ukuba umamnekele njengovela kwabafileyo; Isibeleko sikaSara sasifile, yena wayengazali, ngoko kwakungekho ndlela. Kwaye inkwenkwe. . .Wayenekhulu leminyaka ubudala, kwaye yena wayeneminyaka engamashumi alithoba, ngoko weza ngeLizwi ledinga. Kwaloo Thixo mnye wenza idinga, wathi, “Ndiyakukwenza uyise wezizwe,” emva kweminyaka emashumi

mabini anamihlanu, eminyaka ilikhulu ubudala, yena nomkakhe bamfumana umntwana. Ukuba uThixo wamxelela ukuba amnikele, uThixo wayenako ukumvusa. Amen.

¹⁸⁷ Makabongwe uThixo, bazalwana. Ndiziva kamnandi. Ndiziva ndingonenkolo. Ke indlela endiziva ndimnandi! Ndazi le nto inye, Unako ukumvusa kwakhona. Siyakuma kwela Lizwi lingakrexezwanga lokuKhanya lale yure! UThixo uyakusiphakamisa xa esi sizukulwana sivela, njengeziKhanyiso ezikhanyayo ngokuchasene nesi sizukulwana. Amen.

¹⁸⁸ Akumangalisi ukuba Wathi, “Ukumkanikazi waseZantsi uya kusuka eme ngoMgwebu, nesizukulwana sakhe, aze agwebe esi; ngokuba wavela eziphelweni zehlabathi, ukuba eve ubulumko bukaSolomon, kwaye, khangelana, omkhulu kunoSolomon ulapha.” Indlela laa kumkanikazi mncinane, ezantsi phaya, umhedeni, wakubonayo oko kuKhanya, waza weza kangangeemayile enqumla entlango, iinyanga ezintathu ekhwele enkameleni, ukuze eve ubulumko bukaSolomon, nabo bemi kanye apho, uSolomon engumfuziselo, intsobi Yakhe.

¹⁸⁹ Kwaye ngoko uze kwaye ubone uWesley, uLuther, bonke abanye, amahlelo emva phaya, angumfanekiso nomfuziselo wento eyenzekayo ngoku, kwaye bahamba kanye kuYo. Owu! Konke kulungile.

¹⁹⁰ Kuba, ngoko unyaka omtsha umiselwe nguThixo, umiselwe nje ukuhlala eLizwini Lakhe. Hambani apho iLizwi lithi hambani khona, njengokuba sifika ngoku esiphelweni, njengabanye, iMbewu enyuliweyo yenzayo ngomhla wabo xa babona iLizwi. Bayenze ntoni loo nto? Bahamba kuLo, ukuba babeyiMbewu eyonyuliweyo kwezinye izigaba, kuba Yena uliLizwi elingasileliyo. Bangaphi abakhohwayo ukuba uYesu Kristu uliLizwi? Owu, bethu!

¹⁹¹ Ndeva inkqubo ngenye imini, yehlelo elithile labantu, UMnu. H. M. S. Richards wathi waye “wabhala incwadi yonyaka.” Andifuni ukungavumelani nendoda enjeya. Nangona, ekubeni engumSeventh-day Adventist, andivumelani nemfundiso yamaSeven-day Adventist, kodwa ngokuqinisekileyo ndiyayithanda indoda. Kodwa ndiyakungavumelani nayo. Leyo isenokuba yincwadi kaH. M. S. Richards yonyaka omtsha.

¹⁹² Kodwa iNcwadi yam neNcwadi yakho, yonyaka omtsha, yiNcwadi yonyaka omdala, iBhayibhile, iLizwi likaThixo. Lenze nje liphile koko Lithenjiswa ukukuphilela. Ewe, mhlekazi. Kwaye wonke unyaka ozayo oya kuza, kwaye unyaka wonke oye wadlula, UnguThixo onguNaphakade ophila ngeLizwi elinguNaphakade Awalithethayo, xana yonke iNyaniso yeBhayibhile naso sonke isithembiso esikuYo singqinelwe, njengokuba ibinjalo ukwehla ukutyhubela iminyaka.

193 Indlela uThixo awayethembise ngayo ukuba Uyakutshabalalisa ihlabathi ngamanzi, kwaye Wayingqinela ngoMoses. . . okanye ngoNowa.

194 Wathembisa ukuba Uyakuthumela umhlanguli, aze amnyuse uSirayeli amkhuphe eYiputa; babe ngabaphambukeli iminyaka emakhulu mane. Wenza kanye loo nto.

195 Kwaye Wafunga ukuba uya kumvusa uDavide, nendlela uDavide awayeya kuba ngu—unyana; UKristu wayeya kuba ngunyana wakhe, ngoDavide wayeya kuza uKristu. Indlela Awafunga ngayo ukuba Uyakuyenza loo nto; Wenza kanye loo nto.

196 Wathembisa ukuba Wayeya kuthumela uYohane umBhaptizi, phambi kokuza kukaYesu Kristu. Wenza kanye loo nto.

Wathembisa ukuba Uyakumthumela uMesiya. Wenza kanye loo nto.

197 Wathembisa ukuba ihlabathi liya kungena kwiqela elikhulu lemibutho kwaye lenze inkqubo, igunya, elaziwa njengerhamncwa, kwaye liyakuba phaya phezulu lihleli phezu kweenduli ezisixhenxe. Lenze kanye loo nto.

198 Indlela ibandla elaliya kubatshutshisa ngayo, de bafe! Benza kanye loo nto.

199 Indlela abaya kuphuma ngayo kuhlaziyo! Benza kanye loo nto kanye. Indlela Awathembisa ngayo kwisigaba ngasinye kuyakuba njalo!

200 Kwaye Wathembisa ukwenzela esi sigaba. Kwaye nguYe lo, namhlanje, elenza elo Lizwi liphile, kanye ngqo njengokuba Wenzayo ekuqalekeni. Ngokuqinisekileyo.

201 Kwaye xa sonke isithembiso sizalisekile, “ukufa kuginywe eloyisweni,” UYesu uya kuza; aze owokugqibela angqinelwe, ngoko kuya kuza uxolo lwaNaphakade phezu komhlaba, noshalom waNaphakade. Ushalom waNaphakade, uxolo, luyakuhlala phezu komhlaba.

202 Xa uYesu weza, uMthetheli woXolo, kwakutheni ukuze lungabikho uxolo? Ngokuba lonke iLizwi alizange lizaliseke ngomhla Wakhe. UyaLizalisekisa namhlanje. Kodwa xa lonke iLizwi Lakhe ledinga, elaliyingcinga kaThixo. . .

203 ILizwi yi “ngcinga ivakalisiwe.” UThixo, ekucingeni Kwakhe, waYicinga, waYivakalisa ngabaprofeti Bakhe, kwaye ngoku Imelwe kukuzaliseka. Kwaye, xa, Wasixelela kwangaphambili ngezi zinto ukuze singenzi mpazamo nokuphazama ebumnyameni ngoko, xa siyibona izalisekiswa.

204 Ngoku, Wathembisa ukuthumela uKristu okwesibini. Kwaye nanini na Ekwenza, xa uKristu esiza okwesibini, kuyakubakho ushalom waNaphakade.

205 Phulaphulani, zihlobo, njengoko sivala. Khumbula ukuba, iBhayibhile ingumthombo wabo bonke ubulumko. Abuphumi kuGqirha, Ph.D., LL.D. Buphuma kwiLizwi likaThixo.

206 Kwakukho ooGqirha boBungcwele behleli apho, ngamakhulu, kwaye iNkwenkwana encinane eneminyaka elishumi elinesibini ubudala yababizela ezantsi, ngokuba YayiliLizwi. Le Nkwenkwana yayingenamfundo konke konke, noko YayiliLizwi. Ngokuba YayikukuKhanya okwathethwayo ngaloo mhla, Yayibonakalalisa elo Lizwi. ILizwi lalikuYo. Kwakufuneka kube njalo. Ayimangalisi into Eyayithethayo yenzeka, ngokuba YayiliLizwi. Uyaqonda? Bonke abaqondayo, yithini, “Amen.” [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] YayiliLizwi.

207 Khumbula iBhayibhile, hayi incwadi yonyaka ebhalwe ngumntu. “Malithi lonke ilizwi lomntu libe bubuxoki, kodwa elaM libe yiNyaniso.”

208 Kunye nonqulo lomntu neenkolo, kwaye—kwaye na njalo njalo, bonke bavele bayidibanise kakhulu xa ufumana iqela lamadoda kuYo. UThixo akazange asebenze kwiqela elinjalo. Ukuba uYesu ebengeza namhlanje, Ebeya kuthabatha icala namaWisile, namaBhaptizi, nama-Adventist, NgamaNgqina kaYehova, iNzululwazi yobuKristu, amaPentekoste, amaRhabe? Hayi, mhlekazi. Ngokuqinisekileyo ebengayi.

209 Ngumcimbi womntu ngamnye, wena noThixo. Akukho bantu ababini ababona ngaso linye, ngokufanayo ngokuhlangeneyo; akukho bhontsi babini bafanayo. UThixo usebenza ngomntu ngamnye. Kwaye wazi njani ukuba unyanisile okanye akunjalo? Ngoko khangela emva ubone ukuba ukunye na neLizwi. Ukuba ukunye neLizwi, ngoko uThixo usebenzisana naye; ukuba akanjalo, into engenye isebenzisana naye. Yabona? Injalo lo nto.

210 Khumbula, iBhayibhile ngumthombo wabo bonke ubulumko, kwaye ibambe onke amathemba ekamva kuYo. Shalom, uxolo lukaThixo!

211 Njengebali elathethwayo ngaxesha lithile, malunga nenkwenkwana eyaphulukana noyise ngaphambi kokuba ibe ndala ngokwaneleyo ukuba ibone uyise; nje imveku yosana xana uyise wafayo. Ngenye imini yafumana malunga neshumi, ishumi elinesibini leminyaka ubudala. Yayinomnye umntakwayo, ogama linguJohn. Yaya kumntakwayo, yathi “Uh, John,” owayeneminyaka emininzi ubudala, yathi, “uyamkhumbula utata?”

Wathi, “Ewe.”

Yathi, “Wayenjani?”

212 Wathi, “Ke, wayeyindoda ende, kwaye eyindoda elunge kakhulu. Wayesoloko elungile kumama, kwaye wayenobubele ku—kum, kwaye wayenobubele kumntu wonke.”

Yathi, “Kulungile, yiloo nto kuphela oyaziyo ngaye, John?”

²¹³ Wathi, “Ke, ndiya kukuxelela.” Wathi, “Henry,” wathi, “wonke umntu uthi ndi—ndifana naye.” Waze wathi, “Wonke umntu uthi ndinendalo efana naye.”

²¹⁴ Yathi, “Owu, ilungile loo nto! Yiloo nto endifuna ukuyazi.” Yathi, “Xa ndibona wena, ndibona utata wam.”

²¹⁵ Nantso ke. Xana i—ihlabathi libona uYesu Kristu, iyakuba kuwe, xana eli Lizwi kubhaliweyo ngalo namhlanje.

²¹⁶ Umbona phi uYesu kuDavide? Xana iLizwi lenziwa labonakalaliswa ngaye.

²¹⁷ Umbona njani uKristu, uThixo eku-Eliya, kulaa nqwelo yokulwa isiya eZulwini, ubona uYesu eku-Eliya? Kuba, iLizwi langqinelwa.

²¹⁸ ULibona njani kuMoses? UYesu wayekuMoses. IBhayibhile yatsho. Yabona, injalo loo nto, Wayelityholo elivuthayo elalinoMoses entlango.

²¹⁹ Abantu baya kumazi njani uYesu Kristu? Xa bona, yena, beMbona kuwe, xa bebona uYesu kuwe. Kuba, Wathi, “Imisebenzi endiyenzayo Mna niyakuyenza nani. Emikhulu kunale niyakuyenza, ngokuba Mna ndisiya kuBawo.” Ingaba oko kunjalo? Oko yindlela bona, ihlabathi elibazi ngayo.

²²⁰ Hayi ngenxa yokuba uBunye bePentekoste bukhulu kunoBubini bePentekoste, okanye uBubini bukhulu kunobuThathu, okanye nantoni na onayo; hayi ngenxa yokuba umWisile mkhulu kunomBhaptizi; okanye umBhaptizi waseMazantsi othabatha ibhaso kulo nyaka kubo bonke—onke amabandla amaBhaptizi, onke amaProtestanti. Banamalungu amaninzi kulo nyaka kunawo onke amanye, ndiyaqonda, ngokubala kwawo. Oko akubenzi bahluke. UThixo akakwazi ngamanani. Abahedeni baninzi kunani, nanini na. AmaKatolika anifumene nonke. UbuMohammed bubafumene bonke. Yabona?

²²¹ Waziwa xa uYesu Kristu ephila kuwe, ngoBomi Bakhe, kwaye iLizwi elithenjisiweyo lalo mhla liZibonakalalisa. Yabona?

²²² Ngoku kwa elo Lizwi lalibonakalaliswe kuMoses lalingenakubonakalaliswa ku-Eliya, ngokuba yayingomnye umhla lowo. Kwaloo mntu wayebonakalaliswe kuNowa wayengenakuba kuMoses, kuba, yabona, uNowa wakha umkhombe, uMoses wakhokela abantu, kanye ngqo oko kwakuthenjisiwe. Ukukhanya okufanayo kwakubonakaliswe komnye, kwakungekho komnye, kodwa omnye waxela ngomnye.

²²³ Yonke iTestamente eNtsha ithetha ngale yure. UYesu Kristu uthetha ngale yure. Ngubani na ke, ngoko, umntu othile? NguYesu Kristu, uNyana kaThixo, ebonakalalisa, ebonisa ukuKhanya kwiLizwi Awalithembisayo ngalo mhla.

²²⁴ Xana umntu ekubona uphila njengaYe, xa ebona isimilo sakho nokuziphatha kwakho ngeLizwi kanye njengokuba Wayenjalo, iLizwi libonakalaliswa, ngoko umntu uyakumbona uYesu Kristu. Akuyi kufuneka bajonge kuyo yonke indawo engenye, bathi, “Yintoni *le* mvumo nkolo eyifundisayo, yintoni *la* mvumo nkolo eyifundisayo?” Baya kumazi ukuba uyintoni na uThixo xa bekubona.

²²⁵ Shalom, uxolo lukaThixo malube kukuKhanya phezu kwenu! Kwaye xa iLizwi likaThixo lingqinelwe kwesi sigaba sexesha, ngokupheleleyo, kwaye uyaLibona uLikholelwe, shalom kuwe!

²²⁶ Jongana nomnyaka omtsha ngale nto, Mbeke njengoko watshoyo uDavide, “Ndiya kuMbeka phambi kwam ngamaxesha onke. Ngokuba ungasekunene kwam, andiyi kushukunyiswa.” Ukuba udibana nokufa kulo nyaka, kwenza wuphi umahluko? UThixo wathembisa ukuba Uyakukuvusa. Ukuba ingozi iyakubulala, yenza wuphi umahluko? Unobomi obunguNaphakade, “Ndiya kumvusa ngemihla yokugqibela.” Amen. Kuthekani ukuba nantoni iyenzeneka? Nokuba yintoni na, akukho nto inokusahlula eluthandweni lukaThixo, olukuKristu. “Indlala, ingozi, ubuze, akunamsebenzi nokuba yintoni na, akukho nto inokusahlula eluthandweni lukaThixo, olukuKristu.” Kwaye Yena uliLizwi. Shalom!

²²⁷ Masithobe iintloko zethu. Ngoku wonke umntu makathobe intloko okomzuzwana nje. Uxolo lukaThixo!

²²⁸ “Isithokothoko...” [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] “Njengoko kwaye kunjalo ngemihla kaNowa, apho babesidla, besela, bazeke, besendiswa,” iReno, Nevada, kunye nehlabathi lonke lokukhanya okubomvu, “koba njalo ekufikeni koNyana woMntu.”

²²⁹ “Njengoko kwakunjalo eSodom,” apho uThixo wabonakalaliswayo eMntwini awathi u-Abraham wambiza Elohim, Lowo Wanele Konke; wema phaya, wadla inyama, wasela amasi, nesonka; kwaye wayenakho ukuxela ukuba uSara wayecinga ntoni na emva kwakhe, emva Kwakhe, ententeni. Wathi, “Oko kuyakubuya kwakhona ekufikeni koNyana woMntu.” “Kuselithuba elifutshane, kwaye ihlabathi lingabi saNdibona; kanti nina niya kuNdibona, kuba Ndiya kuba nani, nkqu kuni, kude kube sekuphelisweni kwehlabathi.”

²³⁰ AmaYuda abuyela kwilizwe lawo. Izinto ezenzekayo, oko kukulomhla, beziyakundithintela kwisiqingatha ukuqalisa ukunixela oko kwenzekayo, kodwa siyakubona. Ingaba yintoni? ILizwi libonakalalisiwe.

²³¹ Ucinga ukuba enza ntoni amaHebhere akubona iLizwi libonakalaliswa, linedinga? Balungiselela ukuwushiya umhlaba.

²³² Ukuba awukalungeli namhlanje, sihlobo, qala lo nyaka mtsha ulungile, Wuqale ngesandla sakho esandleni sikaThixo,

Iilizwi likaThixo entliziyweni yakho, usithi, “Nkosi Yesu, andazi ukuba yeyiphi inxalenye yale Simfoni ofuna ndiyidlale, kodwa xa kufika eso siphambuka ukuze nditshutshiswe, ndihlekwe, ndenziwe intlekisa, Ndisathatha ukuma kwam kokuba iSimfoni Yakho ayizukonakala ngenxa yam. Ndiyakuhlala kanye neLizwi Lakho, akunamsebenzi nokuba Liyintoni na. Ndizohlala apho. Kwaye xa ukufa kubetha kumnyango wam, yinxalenye yeSimfoni leyo. Ndiyazi ngoko, ukuba, kanye njengokuba kwabetha ukufa kumnyango wam, uvuko luyakubetha ngolunye lwezi ntsuku, kananjalo, kwaye Uya kundivusa kwakhona. Yinxalenye yeSimfoni Yakho. Nkosi, mandibe yinxalenye namhlanje, Uyakwenza njalo?”

²³³ Bangaphi abangathanda ukuthatha eso sibhambathiso, kwaye bathi, “Ukuqala kulo nyaka mtsha, Mzalwana uBranham, ukuqala lo mhlango, khona ngoku, ndiyamthembisa ngoku uThixo, ukuthatha indawo yam, ukuba ndingaze ndisilele ukuhlala kanye neLizwi Lakhe elithenjisiweyo, nokuphila kanye ngqo ngendlela Awayithembisa ngayo, ngobulali nokuthobeka; ukuze uThixo athabathe ubomi bam abubeke kwi-Simfoni Yakhe enkulu, okokuba ela qela linye Uyakulivusa ngemihla yokugqibela. Ndizakuphakamisa isandla sam, Mzalwana uBranham, hayi kuwe, kodwa kuThixo. Ndikhumbule emthandazweni?” UThixo akusikelele, kuyo yonke indawo. INkosi ikusikelele. Izandla zam ziphezulu, nazo.

²³⁴ Nkosi, ndithabathe. Nkosi Thixo, ungakhe undivumele ndifumane ingqondo yam, njengoJudas, ngedola eyongezelelweyo, phezu kwefashoni yehlabathi, okanye umntu othile ukuba akumbambazele emqolo, athi, “Owu, Mzalwana uBranham, yile...” Hayi, hayi. Thixo, mayingaze yenzeke loo nto kum. Ndiza kuthatha nje indlela kunye nabambalwa abadelekileyo beNkosi. Ndiyakuba ngumzalwana emntwini, ndenze yonke into endinokuyenza, Nkosi, ndithande abantu ngentliziyo yam yonke. Kodwa, Nkosi, ungaze undivumele ndisuke kweli Lizwi. Ndifuna ukuvuka ngomhla wokugqibela. Kwaye kuphela ngabo babandakanyiweyo kule Simfoni inkulu, Nkosi, njengoko ndizamile ukuyicacisa ngale njikalanga, ngulowo uvelayo ekupheleni kwephepha lo—lomculo, xa uvuko olukhulu, nazo zonke iiNgelosi ziqhwaba izandla nabangcwele bengena bematsha. Ngabo badlale la ndima kulo mdlalo weqonga siwudlalayo, thandaza, Nkosi.

²³⁵ Siyazi ukuba kumdlalo weqonga batshintsha iimaski, basuka kwenye into baye kwenye, kwaye yiloo nto Wayenzayo. Weza ukusuka kuMoya, uThixo, uYehova oMkhulu, waze wambatha imaski yomntu, waguqula isimo Sakho—Sakho—Sakho; Waguquka. Wagxumeka intente Yakho. Wehla ukusuka kuThixo, waba ngumntu, ukuze Ufe ukuze uhlangule umntu. Uguqule imaski Yakho.

²³⁶ Emva koko kwakhona Uyiguqule, kwaye Uzigqume

ebantwini abaza kukholwa kwaye wenze ngokweLizwi olibhalileyo Wena apha. Anoyolo amehlo aLibonayo, zinoyolo iintliziyo eziLamkelayo, zinoyolo iindlebe eziLivayo, kuba kuyakuza uvuko xa iSimfoni iphelile. Thixo, masibe lapho sonke, Uyakwenza njalo? Sikelela eli qela lincinane.

²³⁷ Sithetha ngolu hlobo, Bawo, siyazi ukuba le teyiphu iya kwihlabathi jikelele. Kwaye apha lelilungileyo, iqela elincinane lihleli apha namhlanje, aba baphulaphuli babonakalayo apha ePhoenix. Owu Thixo, iminyaka elishumi elinesihlanu yokushumayela nzima nokukhalimela, kwaye, Thixo, Uyasazi isizathu, uthando! Uthando lu—luyaqeqesha. Uthando lu—luyohlwayo. Uthando luyaluleka.

²³⁸ Owu Thixo, ndinga ndingazifaka naba bantu kule veki, kwaye wanga Ungasilulekela, Nkosi, eLizwini Lakho. Yanga singawabona amandla Akho ephakamisa abagulayo nabaxhwalekileyo, avulwe amehlo eemfama, uMoya oyiNgcwele omkhulu aze abonakale egumbini. Wanga wonke umlungiseleli kunye nebandla ngalinye lingavutha. Yanga ingqungquthela ezayo yosomashishini, Nkosi, ingavuthisa intliziyo yosomashishini ngamnye, kwesi sixeko, ivuthele uThixo. Siphe oko, Nkosi. Asazi ukuba masenze ntoni na ngaloo nto, ngaphandle kokucela nokukholelwa ukuba iya kwenziwa. Sizinikela kuWe, ngoYesu Kristu, iNkosi yethu.

Ke ngoku masime ngeenyawo zethu.

²³⁹ Ndingolihlwempu ngentetho, ndiwabize kakubi amagama am, kwaye ndifuna ukuthetha oku kuba ndiziva ndinyanzelekile ukuba ndiyenze. Bangaphi apha abazakuphakamisa isandla sakho, ukuba uyiqondile ukuba ndithetha ukuthini na “ngeSimfoni kaThixo”? Phakamisa isandla sakho. Enkosi. Kulungile. Uyayikholelwa?

²⁴⁰ Ngoko, yiSimfoni, yabona. Uyakuyifumana Ifika kwisiphambuka, wonke umntu uyazibuza. Ndiyibiza ngokuba sisiphambuka. Andiwazi umculo; umdlali womculo apha, ngokuba, uyakuba—uyakundixolela ngendlela yam ekrwada. Kodwa, kukuba, bayabetha, kufuneka babe nento yokwenza. Iyakuhla ngenene, ezantsi kakhulu, uyazibuza ukuba yintoni na Yona; kodwa, yabona, ukuba ungena kwisingqisho saYo, uyaYiqonda. Yiloo ndlela kuphela oyakuze umqonde ngayo uThixo, kukungena kwisingqisho saYo.

²⁴¹ “Ingaba yintoni? Ndizakuyenza kanjani? Mzalwana uBranham, ndingumWisile nje kanye onyanisekileyo, umBhaptizi, okanye owePentekoste.” Ayisingqisho eso.

²⁴² Isingqisho nguThixo. UThixo uliLizwi. ULizwi nguThixo. Isingqisho sikaThixo, kukuthobela iLizwi Lakhe. Ngoko xa uthobela iLizwi, Yena ukubethela isingqi silunge kuwe, ngoko uthabathe indawo yakho. Nanini na Lisehla, ezantsi, ezantsi, phezulu, nokuba yintoni na, uyazazi ezo ndawo ziphambukayo.

Ngamanye amaxesha uthi, “Owu, iintliziyo ezibuhlungu nezilingo!”

²⁴³ Akazange athi uThixo, “Zonke izinto zisebenzela okulungileyo kwabo baMthandayo, ngeli lixa Ndibetha iSimfoni yaM”? Kwaye ufumanisa ukuba ngoko uyaxhwaleka kwaye ukhahlelwa phantsi, kwaye utshutshiswe, wenziwa intlekisa. Khumbula, leyo yinxalenye ehamba ngolo hlobo. Ukuba oko akunjalo, ngoko iSimfoni iphumile kwisandi.

²⁴⁴ UMqambi omkhulu uyazi kakuhle into ekuyo. Uyayazi. Wayekwazi, kwasekuqalekeni. Walibeka igama lakho kwiNcwadi yoBomi yeMvana, ngaphambi kokusekwa kwehlabathi. Uyayikholelwa loo nto? Uyayazi into ekufanele uyenze. Nokuba ihla kangakanani na, kwaye ikhangeleka imnyama kangakanani, imelwe kukuba njalo.

²⁴⁵ Kodwa, khumbula, ukuba iya kuthi gqi ethunzini lokufa, “Ndim uvuko noBomi; Ndiya kumvusa kwakhona.” Kwaye xa uMelathisi omkhulu esihla aze ahlisele phantsi elo khuni, ngoko, “ixesha aliyi kuba sabakho.” Xa laaNgelosi, yeSityhilelo isahluko se-10, ibeka unyawo olunye emhlabeni nolunye elwandle, nomnyama phezu kwentloko yaYo, Yafunga, “ixesha aliyi kuba sabakho.” Lakufika elo xesha, uya kuvuka kwabafileyo. Ngelixa abanye belele apho, uya kungena.

²⁴⁶ Hlala kwiSimfoni. Hlala kwiLizwi likaThixo. Akunamsebenzi nokuba kunzima kangakanani na, hlala kanye kuYo, naphina apho uThixo abetha khona.

²⁴⁷ Ngamanye amaxesha Wenza inkathazo ukuba aqhawule amakhamandela, ukuba akhululwe. Uyayenza loo nto. Uthi, “Ke, andazi ukuba bendiyakwenza ntoni.” Uyayazi. Nguwuphi umahluko? Wena nje—wena nje udlala indima. UnguLowo ukubeke esandleni Sakhe. Uyakuyalela.

²⁴⁸ Khumbula, konke kwenziwa ngomqondiso. Sibona ixesha esiphila kulo, ngomqondiso esiphila kuwo, ke siyayazi into eyenziwa yiSimfoni namhlanje. Lixesha lokwahlula, ukususa ukuKhanya ebumnyameni.

²⁴⁹ Masiyithethe kunye, ukuze ungayikhohlwa, kuba ndiziva ukuba ndikuthethe oku: “Kukususa ukuKhanya ebumnyameni.” Masiyithethe kwakhona: “Kukususa ukuKhanya ebumnyameni.”

²⁵⁰ Leyo yiSimfoni kaThixo. Uyayibonisa emazulwini. Uyibonisa ebhodini. Uyibonisa ngoKwakhe. Wakuthembisa oku eLizwini. Siyayibona ingqinelwe. Wahlula ingqolowa kumququ. Ususa ukuKhanya ebumnyameni.

²⁵¹ Niyakholwa kuYe, yonke intliziyo yenu? Masicule ingoma yethu elungileyo, ngoko.

²⁵² Kwaye ndifuna ukuthetha ilizwi kubalungiseleli, umzuzu nje. Bazalwana, iNkosi inisikelele. Enkosi ngokundulula

amabandla enu kwaye nize nawo apha. Kuni belusi phaya ngaphandle, ngokuqinisekileyo ndiyanibulela. Ndilapha kuphela . . .

²⁵³ Mandithi, bazalwana, kusenokubakho amaWisile, amaBhaptizi, amaRhabe. Niyeva, ndithetha okukwakunye kumaPentekoste njengoko ndenjenjalo kuni? Nje okukwakunye, yabona. Asiko . . .

²⁵⁴ Ukuba andikwazi ukungavumelani nendoda, kabukhali, kwaye futhi ndisayithanda . . . Ngokuba, ukuba andivumelani nayo, nje ukugavumelani, ndingumhanahanisi; andilungelanga ukuma apha. Kodwa ukuba andivumelani naye ngenxa yobudlelane nothando nokuqonda, nokuba yenza ntoni na, isengumzalwana wam oxabisekileyo. Ndima nayo. Ewe, ngenene. Injalo ngqo loo nto. Ukuba oko akukho ntliziyweni yam, ngoko Thixo ndisuse kule pulpiti, andifanelekanga ukuba lapha. Injalo lo nto. Ndiyithetha ngenxa yothando, kunye nento endiyibonayo isiza. Kwaye Akakaze andivumele ndiphosise kuyo, ukuza kuthi ga ngoku, ngokuba yahlala iliLizwi Lakhe. Ngoko, uThixo anisikelele.

²⁵⁵ Ngoku masithobe iintloko zethu okomzuzwana, kwaye sicule eli limnandi, iculo lakudala esiqhele ukulicula, “NdiyaMthanda, ndiyaMthanda.” Ukuba umdlali wepiyano, okanye nokuba ngubani, okanye abo banomculo, bayakusinika isandi esincinane kuyo, ndiyaqikelela. Ewe, kulungile, makhe sibone ukuba singayicula na ngaphandle komculo. Wonke umntu kunye ngoku, ngeentloko zethu zithotyiwe.

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda
Ngokuba Wandithanda kuqala
Kwaye wathenga usindiso lwam
Emthini weKhalvari.

²⁵⁶ Ndinga ukuba bazimisile iiteyiphu ngoku. Yabona, le teyiphu ihamba lonke . . . 

64-0119 Shalom
e-Ramada Inn
e-Phoenix, e-Arizona U.S.A.

XHOSA

©2025 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org